Isibane Esibomvu Esidanyazayo

Somqondiso Wokuza KwaKhe

Enkosi, Mzalwana Neville. Masime njalo okomzuzwana sithandaze, sithobe iintloko zethu. Bawo wethu waseZulwini, sinikela kuWe udumo ngako konke athe amehlo ethu akubona nendlebe zethu zakuva. Kwaye siyaKubulela, Nkosi, ngokuba namhlanje siyazi ukuba Wena usengulaa Yehova uThixo mkhulu wawuhleli unguye kwaye Uyakuhlala unguye.

2 SiyaKubulela ngo Yesu Kristu Owenza ukuba sibe nokubuyela kubudlelane obuNgcwele naWe kwakhona, ngokuphalazwa kweGazi elingenatyala laKhe, ukuze ngo—ngokucamagushela kwelo Gazi sazi ukuba singoonyana neentombi zikaThixo ngoku. Akukabonakali into esiyakuba yiyo ekupheleni, kodwa siyazi ukuba siyakufana naYe, kuba siyakuMbona njengokuba Enjalo. Kwaye, Bawo, oko kusanele mpela, okoko nje sifana naYe, simi kwimo yomfuziselo waKhe.

3 Kwaye ngoku, Bawo, asifuni ukuba ngale yure similise okwezinto zasehlabathini, kodwa sifuna ukutshintsheka ngokuhlaziyeka komoya wethu, ngoMoya oyiNgcwele, ukuze Abe nokuza athabathele ubomi bethu KokwaKhe ukukhathalela, aze abe—aze abe nokusikhokela kwiintsuku esisenazo ezishiyekileyo emhlabeni, aliphakamise iGama laKhe elikhulu.

4 SiyaKubulela ngazo zonke ezi zinto. Kwaye ngokulindela sikhangele ukundwendwelwa nguWe ngokuhlwanje njengokuba sihlanganisene ngoku, sikholwa ukuba Uyakuhlangana nathi njengokuba Wathembisayo. EGameni likaYesu Kristu. Amen.

Hlalani phantsi.

5 Ndikholwa ukuba yayinguDavide owathi, “Ndavuya bakuthi kum, ‘masiye endlwini yeNkosi.’” Kwaye siyavuya ngenene ukubalapha kusihlwanje, siva ililungelo ukuba neli lungelo lo—lokuba lapha, sithethe nani bantu.

6 Ndenza amakhasethi. Ngoko ndikhangela phaya emva egumbini ukubona ukuba abazalwana bayawathabatha na amakhasethi. A—avulelwe ngoku, amakhasethi ayahamba. Kulungile. Yinjongo yaloo nto le, ukuba, ndithembise ukukhupha iMiyalezo ndiyithumele, ndize, ndishicelelwe apha eMnqubeni. Ngoku thina . . .

7 Ndingathanda ukuthetha into malunga nale ntsasa. Namhlanje. Kanye emva kwemini, gxebe, xa besigqibela

inkonzo yakusasa, kukho into eyenzekileyo enokuthi mhlawumbi abanye benu babe bebengekho beve ngayo. Bendivala inkonzo, ndabe ndithetha ndiseqongeni apha, ndijonge umzalwana omi apha ebambana izandla nabantu, ogama linguMzalwana Way, simbiza njalo apha. Inkosikazi yakhe ngumongikazi olungileyo osemthethweni.

8 Kwaye uMzalwana Way usesinye sezicaka zikaThixo, kwaye kananjalo usebenza umsebenzi wokujikeleza, kodwa unobizo entliziyweni yakhe, iminyaka, lokuya kwintsimi yokuseka amabandla. Waziva ekhokelelwa ekubeni uThixo umzisa apha aze alinde kwizikhundla zakhe ade amkele eminye imiyalelo yokuhambela phambili entsimini. Kwiintsuku ezimbalwa ezidlulileyo, bendithetha naye, ndinodliwano-ndlebe oluncinane kunye naye nenkosikazi yakhe.

9 Kuthe ngale ntsasa, xa bendisenza isivumo sam sokuba nokuzoyikisela, ndabhekiselela kuMzalwana Way naye onokuzoyikisela okuthile, ntoleyo iqhelekileyo phakathi kwabantu, kwathi e—emzuzwini emva koko, uMzalwana Way wahlaselwa yintliziyo wawa emgangathweni wafa. Ndabona inkosikazi yakhe, ndaze ndaqaphela . . . ndakhe ndakufutshane nabantu abaninzi abafayo, kwaye a—andimelwe ku—kukuthetha oku.

10 Ndiyathanda ukuqhayisa ngoYesu Kristu namandla aKhe. Kodwa ngeli thuba ndicinga ukuba asimelwe kukuzama ukuqhayisa ngaYe nangayiphi na eyenye indlela kwinto A—A—Angakhange ayenze. Kodwa ndambona uYesu Kristu evusa abafileyo, ngamaxesha amaninzi, ngokungenakusilela, oogqirha bebaxilonga ukukuqondakalisa.

Ngokomzekelo, eConnecticut kutshanje, enkonzweni, sihleli kwenkulu, endala . . . uhlobo lweholo enkulu yemidlalo edumileyo ethile, kwakukho uGqirha Barton, ugqirha onguMkristu eseqongeni kunye nam, ugqirha wezamachiza. Kwaye kwakukho inkosikazi elungileyo eyaziwayo yoMkristu, ethandekayo, yayingumfazi osisityebi. Yayihleli ngasekunxele kum. Ndandibize umgca wokuthandazela ke, ndaze ndaqaphela loo mfazi nje ngesiquphe . . .

11 Xa nabani na, intliziyo isima . . . Ungawavala amehlo, kodwa xa uthe washukunyiselwa ekufeni, xa intliziyo yakho imile, eneneni amehlo buqu ayarhoxa, ize le ndawo imhlophe yamehlo akho iphumele ngaphandle. Ndayiqaphela njengokuba wayesihla esiwa. Kwaze ngokukhawuleza babiza ugqirha wezamachiza, wabaleka waya kuye ukuya kuthatha ukubetha kwentliziyo yakhe, wanikina intloko yakhe, wabeka izandla zakhe phezu kwakhe, indlebe yakhe isentliziyweni yakhe. Wabe ephelile. Wawa phantsi emgangathweni, intombi

yakhe ikhala, ntoleyo yaphazamisa inkonzo. Ndaqhubela phambili, kuba ndandingevanga lizwi livela eNkosini ngaloo mfazi. Ndaqhubela phambili.

12 Bathetha into ethile malunga nokufumana uMzalwana uBranham. Baze bathi, "Asifuni kumbiza esemgceni wokuthandazela, kuba uphantsi kwamandla okucalula." Baze bathi, "Fumanani uBranham omncinci," yayinguBilly ke lowo. Kwaye uBilly, kuba ingumfazi ofileyo, akazange afune kuya.

13 Uyazi, abantu baba nokukrokra ngomntu xa efile. Loo nto, loo—loo nto sisiphatho nje. Akukho nto ikhoyo apho. Loo nto, abantu bacinga ngokungaqhelekanga. Lowo, loo mntu akakho apho, ngokwakhe; ufudukile wemka. Ngoko wayesoyika uku—ukuya kufutshane kuloo mfazi, ngenxa yokuba wayefile.

14 Kwathi ngesiquphe uMoya oyiNgcwele wathetha kum. Ndajika kuloo ndawo, ndehla ngezitepusi, ndaya kufika kuloo ndawo wayekuyo. Kwathi nje ukuba ndiye kuloo ndawo wayekuyo, uMoya oyiNgcwele wathetha nam; ndaze ndathi, "Mary!"

15 Wathi, "Ewe, Mzalwana Branham." Wabe ephilile. Kwaye—kwaye wayengazange wasibona ngaphambili. Kwakukwinkonzo yokuqala ke.

16 Kwakhona eShawano kutshanje phakathi, owu, ndingathi, kophelileyo, malunga, neminyaka emine edlulileyo, okanye emihlanu, ndandithetha ngobunye ubusuku kwindawo yokugcina izixhobo. Kwakukho isihlwele esikhulu sabantu. Lathi ixhego elikumashumi asibhozo eminyaka ubudala, ndiyaqikelela, nenkosikazi yalo ethandekayo, babengamaLuthere ngenkolo, behamba kulaa nkonzo inkulu idumileyo yamaLuthere. Ndiyalilibala igama layo ngoku. Yeyona ndawo yokuhlangana yamaLuthere enkulu eMelika, kumhlangano omnye, wamalungu ebandla. Kwaye ililizwe elikhulu kumaLuthere. Ndathi ndisathetha, ndaqaphela umfo, intloko yakhe ibuya umva *kanjeya*; zabe izandla zakhe zithe gqi, wawela ngaphambili, wafa esesitulweni. Inkosikazi yakhe yaqala ukukhala, kwaye yayikhala, "Makube umntu oncedayo! Makube umntu oncedayo!"

17 Ndajonga. Ndathi, "Wonke umntu nje makahlale phantsi, azole." 'Yabona? Ndalindela ukuba iNkosi indinike ilizwi nda—ndaze . . . uSathana . . . Ndandilungiselela ukubizela ngaphambili abazinikelayo, kwaye kungelo xesha apho afuna ukuzibonakalisa khona.

18 Ngoko wakhe waqaphela xa uqala ngaphambili abazinikelayo, neentsana ezincinane ngokwazo ziyakuqala ukukhala, nezinto ezilolo hlobo? NguSathana lowo. Nina ningabomoya niyaqonda.

19 Ngoko iNkosi yandinika igama lalo, ndalibiza, laze labuyela ebomini kwakhona *kanjalo* nje.

20 Kwaye kusasanje xa bendijika, 'yabona, kwaye ndakhe ndabona, kumathuba amaninzi, iNkosi uYesu ibuyisa abafileyo. Usana oluncinane eMexico lufe ngentsimbi yethoba ngaloo ntsasa, kwabe ngoku kuphakathi kweyeshumi neyeshumi elinanye kobo busuku lwathi lwabuyela ebomini kwakhona. Kwaye—kwaye obo bubungqina obunyanisekileyo obungqinwe ngugqirha, 'yabona, ukuba olo sana lwalufe e-ofisini yakhe ngentsimbi yethoba ngaloo ntsasa. Ndiyacinga ukuba yayiyi-pneumonia. Olo sana ke luyaphila namhlanje, ngokokwazi kwam. Kwaye oko kwakuphambi, owu, bethu, kwamathathu amashumi amane amawaka abantu.

21 Ke ngoko kusasanje ndibone uMzalwana wethu uWay, njengokuba ehleli phantsi, ebehleli kanye apha ngoku. Kodwa kuthe ehleli njalo *apha* kwindawo ethile, ebemile. Kwaye besicula, noo "Uzuko, uzuko, haleluya," sibambana izandla. Ndamqaphela ekumhlaseleni kwayo, xa intloko yakhe ibibuya umva. Yena, uMzalwana Way, akaqhelananga nezinto ezinjengokujuba nokwehlelwa yinto enjalo. Ndaze, yena, ndambona esiwela ngasemva. Ndabona inkosikazi yakhe, engumongikazi osemthethweni, ihlola ukubetha kwentliziyo yakhe. Yaze yakhala; kwabe kuyekile.

22 Kwaye—kwaye ndiyakholwa ukuba ibinguDade Nash, eli nenekazi lilapha, udade ontsundu ohamba apha enkonzweni, abanye babo baqale ukubaleka besiza ngaphambili. Wabe yena, uNkosk. Way, esukela kum ukuba ndihle eqongeni. Ndaze ndathi, "Wonke umntu makazole, hlala esitulweni sakho." Ungaze uthabatheke kumaxesha alolo hlobo. 'Yabona? Yiloo nto afuna ukuyenza uSathana. Linda nje uve ukuba Yena uzakuthini na. Ukuba ngumntu ophuma esiya eBuqaqawulini, kulungile, simelwe kukuhamba ngaxesha lithile, akukho ndawo ingcono kunasenkonzweni, ngoko—ngoko kanye endlwini yeNkosi. Ngoko ke . . .

Kodwa le ndoda ibijika isiya emva. Ndacinga ukuba mhlawumbi kukho into ethile, inokuba ijubile okanye kukho into ethile eyehlileyo kuyo, elolo hlobo. Kodwa ndithe ndakukhangela, yabe intloko yakhe ijikekile *kanje*, ndabe ndibona ngaphakathi, le ndawo ingezantsi yamehlo ayo, iphumele ngaphandle. Awunako ukuwavala, awunako ukuwabamba amehlo akho kuloo meko; yintliziyo evele ime eyenza loo nto. Ndaze ndanqumla *apha*, wabe . . . Bekukho umntu othile, uhlobo oluthile lomntu, obelubeke . . . into ethile ukuze intloko yakhe ilale kuyo. Nazo ke iinyawo zakhe, izandla, nayo yonke into, ziqinile. Ibimile. Ubuso bebumnyama ngokwebhatyi yam, mnyama bubomvu, amehlo akhe erhoxile. Kwaye ndiyakwazi ukuhlasela kwentliziyo. Ndiyazi ukuba benza ntoni na nendlela abajika babe yiyo; nabani na owakhe wakubona. Ndabeka isandla sam phezu kwentliziyo yakhe, akusekho kubetha kanye njengokuba kungekho kule desika.

[UMzalwana uBranham ubetha ipulpiti yeplanga—Mhl.] Kungekho kwanto. Inkosikazi yakhe, umongikazi osemthethweni, obexilonge ukubetha kwentliziyo yakhe. Bekungekho kubetha kwantliziyo kukhoyo.

23 Ngoko, ngenye imini xa sasikunye noMzalwana Way kucalulo apha, ndabona ukuba wayenentliziyo ekrokrayo, kananjalo. Ke ngoko ndacinga, "Yiyo ke le." Ngoko ndabeka izandla zam phezu kwakhe. Ndathi, "Thixo Othandekayo, ndibiza eGameni likaYesu Kristu, umphefumlo womzalwana wam, ubomi bakhe bukuye." INkosi uYehova iyazi, neBhayibhile yaYo iphambi kwam, kuvakele ngathi, xa ndibeke isandla sam phezu kokubetha kwentliziyo yayo . . . Njengokuba ke ndisazi ukuba ndiyakuphendula ngenxa yoku ngoMhla woMgwebo ukuba akunjalongo. Kuvakele ngathi ukubetha kwentliziyo yakhe kubethe kane okanye kahlanu, ngokukhawuleza, kwathi, nto, nto, nto, nto, nto; kwaze kwaqala ukuqalisa ngoko, wahamba, *nto, nto, nto, nto, nto*.

24 Kwaye ebezama ukuvula umlomo wakhe ukuba athethe into ethile kum. Ezama ukuvula umlomo wakhe ekranxalaza, ngolo hlobo, ukuzama ukuyithetha. Wawakhupha amazwi, "Mzalwana Branham." Kwaye kukhangeleke ngathi angakhe aphinde alale okanye into enjalo, ndaze ndalinda umzuzu nje kwakhona, ndakhangela ukubetha kwentliziyo yakhe kwakhona; yabe ibetha ngokuqhelekileyo. Ndaze ndakhangela kwakhona, wakhangela ngapha kum. Wabe ke ebu, ndabona, engekho zingqondweni; ebengazi ukuba uphi na, kodwa intliziyo yakhe ibetha ngokuqhelekileyo. UThixo ke ububuyisele kuye ubomi bakhe kwakhona.

25 Ngoko ndi—ndikuthethela intlonipho kaYesu Kristu oko, okwanguloo Thixo mnye, othe xa . . . Kusasanje ndishumayele ixesha elide, ndedlula kakhulu kwixesha lam, ndidiniwe ndiphelile. Kwaye kusenokuba kukho izinto ezimbini ezizezinye. Inokuba ebediniwe, okanye ngethuba bendithetha ngokuya kuzicingela, hayi uku—ukumosha umzalwana wam, kwaye singathi, ngokuba ndithe . . . Bendisenza esam isivumo sokuba nokuzoyikisela. Kwaye ndiyaqikelela ukuba xa ndinokubuza ngokuhlwanje, kwesi sihlwele sabantu, "Bangaphi aba abanako ukuzoyikisela?" Eneneni sonke isandla singaphakama. Ukuze nazi, uMzalwana uWay, wenze ukuba ndimbonise ukuba lucalulo na okanye hayi. Bangaphi abaziyo ukuba babanokuzoyikisela, phakamisani izandla. Khangela phaya! 'Yabona? Kodwa a—andazi ukuba oko kothuka kokuba mna ndithethe loo nto kuMzalwana uWay, ndithethe ngokungathi kusenokuba ndimkhalimele okanye into enjalo, ngoko, uthe wawela kuloo meko, yaze iNkosi uYesu yambuyisa.

26 Ngoku mna—mna ndi . . . ndicinga ukuba loo Thixo mnye awathi uPawulos oNgcwele omkhulu wammela ngomhla

wakhe, ukuba xa wayeshumayela ixesha elide ngobunye ubusuku, yaze indoda yawa babe ubomi bayo bumkile kuyo; waze uPawulosi, akuthoba phezu kwayo, ngobabalo lukaThixo, wathi kwisihlwele, "Ubomi bayo bukuyo." Ndi—ndicinga ukuba oko kuqondakalisa loo nto kuthi, okanye ukuba awuzange ukubone oko ngaphambili, ukuba uYesu Kristu isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade.

27 Kwaye kwakhona isenokuba ibiyilento, ukuba ndizame ukucinga ngaye ngale njikalanga. Ukuba, ndimi apha, ngentliziyo yam yonke ndanixelela iNyaniso kanye, ndanixelela ngokuzoyikisela kwam, ndenza isivumo sam esiphandle, kuba. . .ndaze ndanicela ukuba nithandazele ingaphakathi lam ukuba litshintshwe ngokubhekiselele ebantwini, ukuze ndenze njengoko yenzayo iNkosi. Ndize ndingqine ukuba Yona isaya kundithumela entsimini, Yenze ukuba oko kwenzeke ukubonakalalisa ukuba Yona isabaphilisa abagulayo inokubavusa abafileyo, inako ukubavusa abafileyo. Kwaye ndicinga ukuba ebengeyiyo enye into engaphezu kobungqina kwinto ebendishumayela ngayo, ndabe ndingqina ngoBukumkani bukaThixo. Kwaye yinto ekolo hlobo Abeyixelele uMzalwana Roberson lowa, nomnye wabazalwana. Ngoku siyaMthanda ngenxa yoko.

28 Kwaye sinombulelo ngokuhlwanje kuba uMzalwana uWay unathi ngokuhlwanje. Kwaye ngokuqinisekileyo uThixo akakagqibi ngomzalwana wethu, kungenjalo ngehambile ngale ntsasa. Kukho into amelwe kukuyenza uMzalwana uWay. Kwaye ndifuna ukuba wazi, Mzalwana Way, ukuba eli bandla liphela, kunye nam, siyakuthandaza ukuba uThixo akubonise icebo laKhe ngobomi bakho nobenkosikazi yakho; kwaye, nje ukuba kwenzeke oko, siyakukufaka kuloo ndawo. Ndiqinisekile ukuba Uyakuyenza loo nto, Mzalwana Way. Kwaye sonke, njengaMakristu, siyakuba nombulelo ngoMzalwana Way. Ingaba kunjalo, bandla? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Kwaye siyathandaza ukuba yena noDade Way bayakuyifumana indawo yabo eNkosini, ukwenzela ukukhonza kwabo eNkosini.

29 Ngoku, kananjalo, bendifuna ukuthetha noMzalwana uWay. Ndize kwangethuba ukuze ndibe nokuthetha naye ndifumanise nje ukuba unanjongo ni na, okanye kwenzeke ntoni na. Kwaye akazi. 'Yabona, kusuke kwamnyama nje, waza wawa kwaphela ngaye. Kuphelele apho.

UMzalwana Way ebefuna ukubuza ukuba kukho umntu na apha kwesi sakhiwo ohlayo oya e-Arkansas, ngoLwesibini okanye nokuba uya nini na, ku—kule nkonzo. Ngoku, yi—yinkonzo encinane kakhulu mhlawumbi. Sisizalwana esihlanganayo. Kwaye ndiyacinga ukuba iphezulu kwihlathi elithile, okanye enye into, phezulu kakhulu. Kwaye ngokuphandle akuyi kubakho bantu abaninzi, ndi—ndiyaqikelela enkonzweni, ngoba, ngeliphandle, abazi nokwazi

ukuba ndiyeza, okwangoku. 'Yabona? Ke ngoko abahlobo bam abangqonge loo ndawo, kuyakuba bubusuku ngokucacileyo okanye okubini phambi kokuba bazi, nditsho nabahlobo bam abase-Arkansas, abandaziyo apho ezantsi, abayakubakho kuloo nkonzo. Kodwa ukuba kukho umntu oyayo, abe enganayo indawo ukuze kubekho umntu okhwela kunye nabo, uMzalwana Way angavuya ukwenza njalo. Uthe makwenziwe eso saziso sokuba akasayi kuba ngumthwalo ebantwini, ukuzikhathalela xa elapho, kuba anganako ukuyenza loo nto. Kodwa yena, ukuba kukho umntu oyayo, ingangumqondiso kuye wokuba uThixo angathanda ukuba aye, okanye kunga—kungakwintando kaThixo ukuba ehle. Ngoko nonke niyamazi uMzalwana uWay, ohleli apha ekoneni. Kwaye ukuba umntu angafuna ukumnceda, ohlayo, abe enendawo ethe chatha yomntu okhweleyo, angavuya ukungena kuyo.

30 Ke ngoko ngokuhlwa kweCawa ezayo iNkosi ithandile, ndi—ndizakubuya, okanye kusasa ngeCawe ezayo, gxebe. Kwaye—kwaye ukuba uMzalwana Neville uyakube enaso isikolo seCawe, sakuba siphumile ke, ndifuna ukwenza elinye ikhasethi ukuba ndinganakho. Kwaye ukuba andiphazami, ndiyacinga ukuba liyakube lithetha ngo *Ingaba Ubomi Bakho . . . Ingaba Ubomi Bakho Buyifanele Na Ivangeli?* Oko, oko kukuthi, okanye *Ingaba Eyakho inkosikazi . . . Ubomi bakho buyifanele na iVangeli?* Yilento bendizama ukuyithetha leyo. *Ingaba Ubomi Bakho Buyifanele Na Ivangeli?* Kwaye ndifuna ukwenza ikhasethi ngaloo nto, ukuba iNKosi ithandile.

31 Ke ngoku, ngokuhlwanje, bendazisile namhlanje ukuba bendizakwenza ikhasethi. Kwaye umlungiseleli, andicingi nokuba ushumayele; ndize nje mna ukuba ndiphume, ukuze ndibe nokuthetha apha eqongeni. Ngoku, ngoko andazi . . . Ngoku, ukuba benza amakhasethi, ukuba uziva udiniwe okanye into enjalo, unqwenela ukuphuma, zola nje kangangoko unokuba nako, ngokuba asifuni . . . 'Yabona, le—le miboko ngokukhulu, ibukhali kakhulu, ichola nengxolo encinane. Kwaye senza, sizama ukwenza la makhasethi ukwenzela ulungiselelo lwezizwe zonke.

32 Ke ngokuhlwanje ndinqwenela ukwazisa ingongoma ye . . . emva ko—kokufunda iLizwi likaThixo, elifumaneka kwiVangeli kaMateyu oNgcwele, isahluko sama-24. SeVangeli ngokuMateyu oNgcwele, isahluko sama-24, kwaye masiqale ngoku ngomqolo wama-32 sifunde iSibhalo.

> *Wufundeni ke umzekeliso kuwo umkhiwane; Xa selithe la—lathamba isebe lawo, lahluma amagqabi, niyazi ukuba likufuphi ihlobo:*
>
> *Ngokukwanjalo nani xa nithe nazibona zonke ezo zinto, yazini ukuba kukufuphi, sekusemnyango.*

Inene ndithi kuni, asisayi kudlula esi sizukulwana, zingathanga zonke ezo zinto zibekho.

Liyakudlula izulu nomhlaba, Ke wona amazwi am akasayi kudlula.

Kodwa akukho bani uwaziyo loo mhla nelo lixa, azazi, nezithunywa zamazulu, nguBawo yedwa.

Ke kaloku njengokuba ibinjalo imihla kaNowa, kobanjalo nokufika koNyana womntu.

33 Ngoku ekufundeni kwethu, siyafumanisa ngokuhlwanje, njengokuba sifunda, ukuba icandelo lokuqala lesi sahluko sithetha ngokuba abafundi baMbizela bucala phezu kwentaba, entabeni, baze bathi kuYe, "Uyakuba yintoni na umqondiso wokupheliswa kwephakade? Uyakuba yintoni na umqondiso woKuza kwaKho? Kwaye liyakuba nini ixesha apho kungasayi kubakho litye lishiywa phezu kwelitye, etempileni?" Ngoku Uqhubela phambili ekuphenduleni. 'Yabona apha kumqolo wo–1

. . . Ephumile uYesu, wemka etempileni: bathe abafundi bakhe beza kumbonisa . . . izakhiwo zetempile.

Wathi ke uYesu kubo Niyazibona na zonke ezi zinto? Inene, ndithi kuni, Akusayi kusala apha litye phezu kwelitye, elingayi kuchithwa.

Abafundi bakhe ke . . . *Ke kaloku akubon'ukuba uhleli eNtabeni* . . . (Uxolo) . . . *akubon'ukuba uhleli entabeni yeMinquma beza kuye abafundi bebodwa, bathi, Sixelele ukuba ziyakubakho nini na ezo zinto? uyakubayinina umqondiso wokufika kwakho, nowokupheliswa kwephakade eli?*

34 'Yabona, bambuza imibuzo emithathu, waza Waphendula imibuzo emithathu. "Liyakubakho nini ixesha apho kungayi kubakho litye lishiyekileyo phezu kwelinye? Yintoni umqondiso woKuza kwaKho? Uthini ngexesha lokupheliswa kwephakade?" Kwaye abaninzi, ndiyakholwa, ukuba thina bazalwana senza impazamo ngokuzama ukuthatha konke oko sikufake ekuBuyeni kwaKhe. Kodwa Yena uphendula imibuzo emithathu eyahlukeneyo Awabuzwa yona. "Kuyakuthini ukuba kubekho ixesha ekungasayi kubakho nalinye kula matye elishiywe phezu kwelinye; iyakuba nini lento? Kwaye uyakuba yintoni umqondiso wokuBuya kwaKho? Kwaye uyakuba yintoni umqondiso wokupheliswa kwephakade?" 'Yabona, imibuzo emithathu eyahlukeneyo. Waze Waqalisa ukuphendula omnye, malunga nexa "amatye angayi kushiywa elinye phezu kwelinye." Waze emva kokuba Egqibile ngaloo mbuzo, waze Waqalisa, "Umqondiso wokuBuya kwaKhe." Waze waya kungena, "Ekupheliswe kwephakade."

35 Ngoku siyaqaphela apha ukuba enye yezinto endinqwenela ukuthetha ngazo ngokuhlwanje, si . . . *Sisibane Esibomvu Esidanyazayo Somqondiso Wokubuya KwaKhe*. Kwaye sizakuhlala kwimihla kaNowa ngokuhlwanje, "Kuyakubanjalo ekubuyeni koNyana woMntu." Ke ngoku oku kwandifikela ngenye imini, ndaze ndacinga mhlawumbi ndiyakuzama ukushicilela oku ndithethe. Nokubhala phantsi iZibhalo ezithile apha endinokuthanda ukubhekiselela kuzo, mhlawumbi, ndize—ndize ndifunde, ngokuncinane.

36 Kodwa ngoku iNkosi yethu uYesu yabuzwa lo mbuzo, yaze Yona yabanika umqondiso woKuza kwaYo. Kwaze kwathi kwangoko Yathetha oku, "Amazulu nomhlaba ayakudlula, kodwa iLizwi laM alisayi kudlula." Yaze ke Yathi, "Wufundeni umzekeliso kuwo umthi womkhiwane. Xa uvelisa amasebe, niyazi ukuba ihlobo lisondele. Ngoko xa nizibona ezi zinto zisenzeka, okanye zibonakalaliswa, yazini ukuba ixesha likufuphi. Kwaye esi sizukulwana asisayi kudlula singadanga zenzeke zonke ezi zinto." Esiphi isizukulwana? Isizukulwana esibona ukutshikilelwa esizakuthetha ngako kusihlanjwe.

37 Ngoko ke xa sicinga ngengongoma yam, njengesibane esibomvu esidanyazayo sokuBuya kwaKhe, oko kundikhumbuza ngokulindela kwisitishi sakwaloliwe, ukuba xa indoda okanye abantu bemi jikelele apho, njengokuba abaninzi bethu bakha benza njalo, xa sasilindele ukubamba uloliwe. Kwaye asinakumva uloliwe, okanye awumboni, kodwa uyazi ukuba li—lixesha. Mhlawumbi umntu othutha yo uthi, "U—Usemva kwexesha kancinane. Akafikanga kanye ngexesha, kodwa asazi ukuba kunini na, kodwa uzakufika kamsinya." Kwaye siyahamba sijikeleze esitishini, sifake izandla zethu ezingxoweni, sihleli phezu kwesutikeyisi zethu, siphume siye kuthenga ingxowa yamandongomane, sithethe no . . . umntu othile ongaphaya kwesitrato. Kodwa kuthi ngesiquphe sibone into ethile isenzeka. Kukho ingxolo eyenzekayo phaya emgaqweni. Kuthi kwakubanjalo, ingalo ihle, size isibane esibomvu siqale ukudanyaza. Yintoni leyo? Uloliwe usemgaqweni. Nangona ungenakumva, nangona ungenakumbona, kodwa eso sibane sibomvu siyadanyaza ibe ingalo ihlile ibonisa ukuba uyeza. Ukuze ukuba awufuni kushiywa nguloliwe, kungcono ulahle loo ngxowa yamandongomane phandle, upheze ukuncokola, uphakamise isuthikeyisi yakho, uzilungiselele kungenjalo uyakushiyeka, kuba uma nje imizuzu embalwa apha ekhaya. Uyakube umkile. Ukuba usemile uncokola, nommelwane ongaphesheya kwesitrato, uyakushiyeka.

38 Kungokungaphezulu kangakanani, ngoko, xa sibona umqondiso odanyazayo wokuba Yena usemgaqweni! Uloliwe omdala weVangeli uzakudlula ngapha, kwamsinya nje. Kwaye njengokuba sifundisisa ngokuhlwanje kule tekisi inkulu,

umqondiso odanyazayo, njengokuba iNkosi yahlala phezu kwentaba yabaxelela ezi zinto ukuba ziyakwenzeka, "Njengokuba kwakunjalo ngemihla kaNowa, kuyakubanjalo ekuzeni koNyana womntu."

39 Ngoku sifuna ukubuyela emva, okwendawana encinane, sifumanise ukuba singafumana ntoni na kulo mhla efana nemihla kaNowa. Kwaye singabona ngoko ukuba siphi na kulo mhla yathi iNkosi yethu yathetha ngawo, sibone ukuba singafumana nje nantoni na efana nemihla kaNowa. Ukuze sikwenze oko, ndicinga ukuba simelwe kukubuyela emva kwiNcwadi yeGenesis, kwimihla kaNowa kwaye ukuba uyakutyhila kunye nam, ukuba ungathanda, eSibhalweni, emva kwiGenesis isahluko se-6, apho ke kukwimihla kaNogumbe, kwaye ukuziphatha neemeko zaloo mhla, iGenesisi isahluko se-6. Ngoku, sifuna ukufunda, sibone sithelekise loo mhla nalo mhla. Qaphela.

Kuthe bakuqala ukwanda abantu ehlabathini,. . .

40 Igama lokuqala ngqa lisinika ngokuphandle ukukhanya okudanyazayo kokuba imini isondele, kuba akukho xesha kuyo yonke imbali apho kwakukhe kwakho abantu abaninzi kangaka, nabanda ngokukhawuleza kangaka, njengokuba sinabo namhlanje, kangangokuba kude kubenzima ukufumana indawo yokuhlala. Kwaye abantu abaninzi kakhulu bayanda phezu komhlaba, ide inzululwazi ithi, ukuba, "Ukuba kuyaqhubeka kusandiwa njengokuba bekusenzeka, kumashumi amabini eminyaka akusayi kubakho nakudla kwabantu emhlabeni." *IReader's Digest,* ndiyakholwa ukuba yayiyiyo, eyacaphula loo nto, ukuba, "Akusayi kubakho nakudla kwaba bantu banda ngokukhawuleza kangaka."

41 Singakhangela jikelele sibone ukuba iindawo ezazikade zizintlango zijike zazizixeko, nangona ucwangciso-ntsapho lunyuke kakhulu kunokuba lwalunjalo. Ndiyakholwa ukuba kwathiwa eChicago. . . Ndiyathemba ukuba andiwacaphuli ngokungekuko la manani. Kodwa eneneni iziganeko ezibhalisiweyo, ngamashumi amathathu amawaka eemeko zokuqhomfa njalo kwiintsuku ezingamashumi amathandathu, eChicago. Iimeko zokuqhomfa njalo kumashumi amathandathu eentsuku, ezibhalisiweyo! Kuthiwani ngezo zingazange zabhaliswa? 'Yabona, nje kwisixeko esikhulu sezigidi ezine zabantu! Kuthiwani ngehlabathi? Nangoko lube uluntu luzele ngokude bangabinako nokukhathalela ii. . .

42 I-India, bazama ukuba. . . ukuphazamisa ilungu lobuntu lendoda, ukuze bawenze abengamadlolo, ukuze kungazalwa bantwana, ngokuba ba—baqhubela phambili ekwandeni ngolo hlobo, ngamakhulu mane anamashumi asixhenxe ezigidi, ngeli thuba, e-India.

43 Uthini ngeChina, apho ukwanda kukhulu kunoko, eRussia nakwamanye amazwe amaninzi ehlabathi? “Bathi bakuqala ukwanda abantu phezu kobuso komhlaba.” ’Yabona? Ngoku sithabatha emva kwixesha langaphambi konogumbe.

. . . bakuzalelwa iintombi,

Bazibona oonyana bakaThixo iintombi zabantu ukuba zintle, bazeka abafazi . . . kuzo zonke abazinyulayo.

Wathi uYEHOVA, uMoya wam akasayi kulawula ebantwini ngonaphakade; ekulahlekeni kwabo bayinyama; imihla yabo iyakuba yiminyaka e—elikhulu elinamanci mabini

Kwakukho iingxilimbela ehlabathini ngaloo mihla; kananjalo emveni koko . . . xeshikweni oonyana bakaThixo bangenayo . . . kuzo iintombi zabantu, zabazalela abantwana, ababa ngamagorha ababekho kwasephakadeni, . . . amadoda adumileyo.

44 Owu, yi—yingongoma enjani le sinayo apha! ’Yabona? Ngoku, enye yezinto zokuqala endifuna ukuba uyiqaphele, kukuba o—oonyana bakaThixo babona iintombi zabantu, ukuba zazintle. Ngoku andenzi njalo . . . Ndikubhekisa kwihlabathi lonke oku. Kodwa akukhange kubekho xesha emhlabeni, njengokuba ndicinga, lelo xesha kuphela, apho kwake kwakho okungako u—ukuthengiswa ngokwendawo yokuthenga oosomashishini kobuhle phakathi kwabafazi.

45 Kwaye ungakhumbula, abanye benu bafazi badala, nabanye benu bantu, madoda, abanako ukukhumbula kudala kwiminyaka eyadlulayo, ukuba kwakudla ngokunqaphazeka ukuba kufunyanwe umfazi omhle. Kodwa namhlanje awufumani nawuphi na engenguye omhle. Kungokuba bafikelele kwindawo yokunqothula iinwele zabo, ne-make-up na—nazo zonke iintlobo zempahla zokuvelisa imizimba nezinto ezinjalo. Bazibonisa iziqu zabo ngolona hlobo. Ukuze ke, enye into, ingalo yexesha ibuyele emva, ngokweSibhalo. Kwaye abafazi bathe gqolo ukwanda ukuba bahle.

46 Ndikhumbula ngethuba ndandiyinkwenkwe encinane esikolweni, ndize ndiguquke ndikhangele abantwana abancinane namhlanje, amantombazana amancinane ezayo. Ndaye ndiyakhangela, ndicinge ngabafazi ngethuba ndandingumfana, ndijonge kumantombazana namhlanje. Ndikhumbula ukuba kwakubakho intombazana ibenye edumileyo, kwaye ngoku kwakungekho ngaphezu kwamashumi amabini anesihlanu eminyaka edlulileyo, intombazana enye edumileyo, intombazana entle, ibentle kangangokuba yonke inkwenkwe yayifuna ukuhamba nale ntombazana, ngokuba yayingukumkanikazi we—welo qela. Mhlawumbi isixeko siphela, kwakubakho ababini okanye

abathathu babo bafazi. Ngoku yonke into isuke yantle, bebonke. Oko kukuzalisekisa iSibhalo, nesibane esibombu esidanyazayo sokuba ixesha lisondele.

47 Bavelise ezinjani iziqabi zemilebe nee—nee-make-up, ngokude abafazi abangabahlanga olo hlobo, usenganako ukuzenza nge—ngezinto zokunyusa ubuso ne—nezinto abazenza ngazo ukuba babe bahle.

48 UMax Factor uqhutywa imini nobusuku, kwaye kokuninzi okuchithwa kwizithambiso, eMelika, ngonyaka, ukwenza ukuba abafazi babe bahle, kunoko kuchithwa kwiivenkile zokudla. Kunjalo. Ndiyalibala ukuba zingaphi na izigidi eziphindwe kabini zeedola ngonyaka omnye ezichithwa kwizinto zokuthambisa, ukwenza abafazi babe bahle.

49 Ngoku, andithethi nto ngokuchasene noko, ndibonisa nje ukuba kukudanyaza kwesibane esibomvu sokuba ixesha lisondele. Kuba uYesu wathi ngokwaKhe, "Njengokuba kwakunjalo ngemihla kaNowa, kuyakubanjalo ekuzeni koNyana woMntu." 'Yabona, yinto enye.

50 Kwaye qaphela, "Xa abantu beqala ukwanda, abantu abaninzi. Iintombi zabantu zazintle; baze oonyana bakaThixo bajonga kuzo, bazithathela abafazi." Ngoku, asiyonto ethethwa ndim leyo. Ndiyifunda eBhayibhileni, apho uYesu wathi kuthi masibuyele kwiGenesis sithelekise le mihla kunye. Ukwanda kwabantu, nobuhle babafazi, ngoku ngumqondiso omkhulu.

51 Ngoku isiyalo, isiyalo sikaYehova, ivesi ye-3.

Wathi uYEHOVA, . . .

52 Kwangoko emva kokuba kwenzekile oko . . . Khumbula, nguMoya oyiNgcwele owabhala iBhayibhile, kwaye uYesu wayexhotyiswe ngamandla ngenzaliseko yoMoya oyiNgcwele. Waza wathetha kuphela ngoMoya oyiNgcwele. Kwaye iZibhalo zibhalwe ngoMoya oyiNgcwele. Kwaye kwaLowo Wabhala iGenesis 6 wasixelela kuMateyu 24, ukuze sazi xa ixesha lisondela, sibuyele emva kwiGenesis 6 sithelekise loo nto.

53 Ukwanda kwabantu phezu komhlaba; ukanti nangoko kukho olunjalo ucwangciso apho, zibe zonke ezi zinto ziqhubela phambili, bengayihoyi nokuyihoya. Kuqhubela phambile nje kuyinto enye, ngokuba sikwixesha lesiphelo.

54 Ke ngoko qaphela, kwangoko kuyakubakho ixesha apho ithe abafazi bayakubabahle kakhulu, bebahle kakhulu. Kwaye siyayithelekisa loo nto noku siyiqondakalalise.

55 Ngoku, bendijonge imifanekiso yakudala kakhulu ngexesha ookhokho bethu, ngexesha babenqumla amathafa. Andikhumbuli igama lalo—lomfazi, kodwa igama lakhe lalisaziwa ukusuka eSan Francisco ukuya—ukuya eBoston, ngenxa yokuba wayengoyena mfazi umhle elizweni. NguPearl

White, ndiyakholwa, yayiligama lakhe elo, weminyaka emininzi eyadlulayo. Wabulawa sisithandwa sakhe, uScott Jackson. Kwaye ukuba ungawubona umfanekiso walo mfazi, ngokuba wayelelona nenekazi lihle elizweni, kunganzima nokuba umjonge. Angakhangeleka njengento yakudala apha phandle esitratweni. Kuba, ngokukhulu nawuphi na umfazi onokumbamba nangaluphi na uhlobo ofuna ngalo, angamhle ngokuphindwe kathathu kunaye, nawuphi na umfazi namhlanje onokuthi umbambe esihla ngesitrato. 'Yabona, kukwanda, ubuhle babafazi.

56 Ukuze ke ndimangaliswe ukuba abafazi bethu bayakuqonda babe . . . Naso isizathu sokuba ndifune ukwenza eli khasethi lihambe, ukuze—ukuze kungafuneki ubeke okungako . . . Siyafuna ukuba nibe bahle, kodwa sifuna ukuba nibe ngabemvelo. Asifuni ukuba nibe ngabenziweyo. Abanye baba bafazi bahle, ukuba ungacinga ngokubathi nkxu kwisitya sokuhlambela umzuzwana ubahlambe, bangakhangeleka ngokwahlukileyo, u—ubanxibe njengokuba bemelwe kukunxiba. Kodwa bona—bona—bona abayenzi loo nto, kwaye akunakubaxelela ngokwahlukileyo. Kwaye sizakufika kuloo nto emva komzuzwana. Kodwa esi si—sisibane esibomvu sidanyaza.

57 Kwaye khumbula, xa abantu beqala ukwanda phezu komhlaba, nabafazi bethe babahle, yayiyiloo yure, yayilelo xesha, awathi:

> *. . . wathi uYEHOVA, uMoya wam akayi kulawula ebantwini ngonaphakade, . . .*

Uyabona ukuba iphi na ingxaki? Uyabona ukuba isandla sikaThixo, "UMoya wam?" Iintombi zabantu zazintle; baze bazithathela abafazi kuzo. Waze Wathi, ngoko, "UMoya wam akasayi kulawula emntwini. Ndiyakuzibala iintsuku zakhe."

Ngoku ivesi ye-4:

> *Kwakukho iingxilimbela ehlabathini ngaloo mihla; kananjalo emveni koko . . . xeshikweni oonyana bakaThixo bangenayo . . . kuzo iintombi zabantu, okanye—okanye iintombi zabantu, zabazalela a—abantwana, aba baba ngamagorha ababekho kwasephakadeni, . . . amadoda adumileyo.*

58 Uyiqaphele ukuba ayithethi nto ngomtshato? Qaphela, "Oonyana bakaThixo bangena kuzo iintombi zabantu," akukho nto ithetha ngamtshato. Kwaye ukuba uthatha isiGrike sakuqala phaya, elo gama lithetha, lithi, ndinalo libhalwe phantsi apha kwindawo ethile, i—"inkosikazi." "Bazithathela *amakhosikazi,*" kwivesi ye-3, "bazithathela *amakhosikazi.*" KwisiGrike, ndilijongile ngale njikalanga, belingathi, "Bazithathela *amakhosikazi.*" Lithe, "*Bazithathela*

abafazi," hayi amakhosikazi. Ngoku yikhangele kweyakho—kweyakho . . . i-Emphatic Diaglott, ubone ukuba asiyonyani na leyo.

59 "*Bazithathela abafazi,"* hayi amakhosikazi. Bazithathela nje njengokuba babenjalo, izithandwa ngokukhululekileyo, njengokuba kunjalo namhlanje. Ngamanye amazwi, babengabathandanayo ngalo mhla kanye njengokuba bengabo ngoku. Babehamba nangayiphi na indlela ababefuna ngayo, bathathe abo bafazi babenokubathatha.

60 "Baze bathi oonyana bakaThixo xa . . . " Ngoku, abaninzi babo bathi apha ezo yayiziNgelosi ezawayo, njalo njalo, naloo madoda nabafazi. Kodwa ukubonisa oko ukuba kuphosakele, kuphosakele ngokupheleleyo, iBhayibhile ayithethi naphi na ngeNgelosi ezingamadoda okanye abafazi. Kwaye, ngaphezulu, akuzange kubekho u—umfazi ekwathethwa ngaye ukuba wayeyiNgelosi eBhayibhileni, akuzange. Ngoku ukuba ufuna iSibhalo ngaloo nto, uMateyu 22:20 njalo njalo, ungayifumana loo nto.

61 Ngoku, ngoko, oko, akukho nto injengeNgelosi engumfazi. Naso isizathu sokuba umshumayeli ongumfazi . . . INgelosi ngu"mthunywa." Kwaye i—kwaye iyi . . . IyiNgelosi ingu"mthunywa." Kwaye akukho nto injalo. Kodwa uyabona, bayitshintshile, namhlanje, njengokuba yayinjalo ngoko. Ngoku, ndinezizathu ezithile zezembali ezibhalwe apha phantsi, esifuna ukufikelela kuzo kwimizuzu embalwa.

62 Qaphela, abafazi baloo mhla, kwimihla kaNowa, inokuba kwakuthethwa ngabo kakhulu. 'Yabona, "oonyana bakaThixo," abakaSete, oonyana bakaSete, babona iintombi zikaKayin, ukuba zazintle. Kuba? Zazingcolile, kwaye zazizintombi zikaKayin. "Xa oonyana bakaThixo bazibonayo iintombi zabantu, ukuba zazintle, bazithathela abafazi kuzo. Oonyana bakaThixo bawa kumgangatho wabo kunye noThixo, baba ngabasukeli babafazi." Kwaye ukuba asingomfanekiso wanamhlanje lowo, andazi ukuba yintoni na. Yinyaniso leyo.

63 Amadoda! Khangela nditsho kwiinkonzo zethu namhlanje, khangela kuyo yonke into onqwenela ukuba kuyo, yiqaphele. Naphi na, kwakhangelwa ngaloo mini, inokuba yayingabafazi abahle. Amadoda abangamakhoboka kubo, itsho imbali, ithi amadoda abangamakhoboka eneneni kubafazi, ngokuba babebahle kakhulu, ade angamakhoboka. Benza ngeliphandle imifanekiso eqingqiweyo, banqula. Kwaye, cinga nje, ngenene banqula inyama yabafazi negazi ngaloo mhla. Zezembali ezo.

64 Kwaye thelekisa oko nanamhlanje. Kuyinto enye, mzalwana wam. Amadoda eneneni akhonza abafazi. Ngoba, kweli lethu ilizwe, uNkosk. Kennedy kucingwa kabini ngaye,

kunento ayiyo uMongameli. Injalo loo nto. Kwaye ukuba uhlala uthetha ngendoda, ukuba inenkosikazi enomtsalane, iba yiloo nto kuphela.

65 Kwaye ngoku bathetha loo nto malunga nokuqhuba. Ubava besithi abafazi ngabona baqhubi baqhuba ngokukhuselekileyo. Yimposiso leyo, ngokuba iyakukuxelela ukuba kutheni na. UBilly kunye nam, sinqumla kwezi Zizwe Zimanyeneyo, siyibona ngokwethu imeko, sibeka i—imap encinane kwimoto yethu, iphetshana, libhalwe "ndoda" no "mfazi." Ukuze njalo umfazi esenza imposiso, sibeke uphawu kwicala lakhe; nakuleyo yenziwe yindoda, sibeke isinye kwicala layo. Kwaye kumakhulu amathathu, into esiyibiza ngokuba yi "booboo," etsalwe apho endleleni, ungamangaliswa. Kwakukho amakhulu amabini anamashumi asibhozo abafazi, kumadoda alishumi elinethoba. Kodwa uyazi kungokuba? Abayifumani loo nto kwinkundla zamapolisa. Ipolisa alinakuyibamba intombazana entle; linye ewakeni. Ngokuqinisekileyo, lithatha inombolo yemfonomfono yayo, kodwa alinakuyibamba. Kwaye kuyiloo ndlela kanye. Akumangalisi ukuba oko kubhaliweyo kungayibonakalisi loo nto. 'Yabona? Ngokuba, amadoda namhlanje anjengokuba kwakunjalo ngemihla kaNowa, baqubuda kumfanekiso oqingqiweyo wabafazi abahle. Injalo loo nto. Owu, bethu!

66 Inokuba yayiyimini embi kanjani leyo, yokunqula njengabo, abantu abangabafazi, bezivelisa ngendlela enomtsalane ngolo hlobo. Kwaye ukuba babengcono ngokuyenza loo nto, kunokuba benjalo ngoku ndiyavuya ukuba ndibe andizange ndiphile ngelo xesha. Yicinge nje loo nto, indlela yokuba babesithi kuphela . . . indlela ababesithi ngayo abafazi babenokwenza kwa into enye nale bayenza ngoku.

67 Qaphela, iBhayibhile ithe, "Badla basela." Ngoko—ngoko kuyinto esesikweni. Ngokuqinisekileyo.

"Umtshato mawubekeke." Indoda, indoda itshata umfazi, yinto ebekekileyo leyo, loo nto imiselwe nguThixo. Kodwa kwakufika kwelokuba indoda ithathe inkosikazi yenye indoda, okanye ithathe umfazi othile oselula, okanye umfazi othile kwaye kungenamsebenzi nokuba ngubani na, aphule isifungo sakhe somtshato, enze into ethile ephosakeleyo, yinto esisono leyo ebusweni bukaThixo. Kwaye iBhayibhile ithetha ngokulukhuni kakhulu ngokuchasene naloo nto.

68 Ngoku qaphela, Yayithetha loo nto. Umtshato, uThixo wawumisela e-Eden, kodwa ngokuqinisekileyo Wakugxeka ukukrexeza. Kwaye la madoda nabafazi, ngaloo mhla, bayidlula imithetho kaThixo, baze bawuthathela kubo bayenza loo nto, nakanjani na. Ngoku, thelekisa loo nto nanamhlanje. Yikhangele. Ukuba ufuna ukubona ukuba uloliwe

usemgaqweni, yicinge ngokunzulu kakhulu loo nto ngoku, njengokuba uYesu Kristu ongenakuwa wawathethayo la Mazwi. 'Yabona?

69 Kwaye qaphela, iBhayibhile ithe apha, "badla basela," kakade, nabafazi babo abahle. Ngoku, siyayiqonda ukuba injalo loo nto. Ukudla nokusela, yeminye yemithetho yendalo yoBomi. Simelwe kukukwenza oko. Kodwa xa iyiloo nto kuphela esengqondweni yakho, namhlanje abantu basuke bangabarhwaphilizi nje, benxila, abafazi besela kwizindlu zokudlela. Kwaye ungena endaweni apho kukho i—ihighballs neecocktails zinikwa abantu, abafazi basela ukugqitha amadoda.

70 UYesu wathi, "Njengokuba kwakunjalo ngemihla kaNowa, babesidla, besela, besendisa." Ngamanye amazwi, babehlala nabafazi ngaphandle kokuba babe batshatile nabo. Kwaye namhlanje, kuba, imiselwe ngolona hlobo loo nto. Babenabo ooReno, ukuba wawunako ukutshata, uze uphinde uqhawule umtshato uphinde utshate kwakhona, loo nto yonke ngemini enye. Kodwa loo nto iphelelwe lixesha kakhulu ngoku. U—umyeni obizwa ngokuba nguye, namakhosikazi, bathabatha izitshixo ezahlukileyo ukuya kumagumbi kwezi zixeko zikhulu. Ngoku, ndingumntu ohambayo. Ndi—Ndisezixekweni kanye ndiyazi loo nto ukuba iyinyaniso, ukuba umyeni uba namadinga akhe, ize inkosikazi ibe nawayo. Ke, yimbutyulela yo—yokubola, yade yavelisa iqela la—labathambileyo, abanqenayo, abangalunganga, isizukulwana esiya esihogweni.

71 Kwiminyaka embalwa edlulileyo, khangela apho umntu afikelele khona, emzimbeni wakhe. Khangela ukuba ufikelele phi na, ngenxa yezinto azenzileyo. Inzululwazi ngokuthe gqolo izama ukwenza ukudla okungcono, ixube ingqolowa, i—izixube iitumato, iyixube inyama yenkomo, ngeli thuba loo nto iyengalunganga konke. Iyababulala abantu, kwaye abayiqondi loo nto. Kuba, kwiminyaka embalwa elandelayo, abasayi kubayonto bayakuba liqela elinje la—legquba elinjengamabhetyebhetye.

72 Kumashumi amahlanu eminyaka eyadlulayo, imidlalo yebhola yayiqhubeka kanye ngale ndlela yenza ngayo ngoku, kwaye wawungeva ngamntu wenzakalayo, kodwa ngoku ibulala ishumi elinesibini, okanye ngamabini, ngonyaka. Ibhola iyakubetha indoda, yona, akukho iyiyo ukuba ingabamba ubomi bayo bukuyo. Ifana nempangele. Uyayibetha, ithambe kakhulu, seyifile.

73 Ngethuba uBob Fitzsimmons walwa noCorbett, ndiyakholwa ukuba balwa ikhulu elinamashumi amabini anesihlanu lemijikelo, ngenye injikalanga, ngamanqindi aze. Xa loo madoda enezithonga ezinjalo ezingalweni zawo ayenokuthatha okubini okuphindwe kane, kwii-intshi ezine,

baze bakubethe oko kubini kuphindwe kane hayi ngenye into koko ngamanqindi anamadyungudyungu. Babelala izandla zabo zifakwe kwiviniga, ukwenza ukuba amanqindi abo abelukhuni. Kwaye u—umjikelo wawungeyonto incinane yemizuzu emibini okanye imizuzu emithathu yomjikelo njengokuba sinawo namhlanje. Babengenazo ezi ntsiba zentaka zisongelwe kumanqindi abo, zabo, kwaye akukho mntu wakhe wabulawa. Baye babesilwa. Umjikelo yayikukuwiswa phantsi. Kwakufanele uyiwise phantsi enye indoda. Kwaye balwa ikhulu elinamashumi amabini anesihlanu lokuwisana phantsi. Babengamadoda. Kwaye namhlanje kunyanzelekile ukuba bawumise umdlalo wamanqindi, ngoku kukho iintsiba ezithambileyo ezingalweni zabo nakumanqindi abo, abanakho nokulwa imijikelo yemizuzu emibini okanye emithathu kungekho mntu ufileyo. Yintoni undonakele? Wenziwe ngeqela le, andazi ukuba yintoni na, udaka oluthambileyo umxube wento endingayaziyo, ngokokude isizukulwana sonke sibe siyafa.

74 Ayizange itsho iBhayibhile ukuthi, bayakuya bephelelwa ngamandla belumka ngakumbi? Ngoba, kolunye uhlanga lwabantu oluya kuza, bayakuphila ngepilisi, uthabathe ipilisi kwidinala yabo. Asinto yimbi ligquba labancanca izigarethi, besela iwiski, beqhuba iipati zokusela, iqela laboyiswe ziziyobisi, lababalulekileyo. Abantwana abaselula esikolweni, nobutsotsi; akumangalisi, unina uphaya phandle esitratweni, esenza ngale ndlela aqhuba ngayo, loo nto iphosa umntwana kwa kwinto enye.

75 Abafazi abahle bayanda; bexwilwe ziziyolo. Owu, bethu, yinto ebaluleke kanjani leyo kumhla esiphila kuwo! Bayenza njani lento, kukunga-. . . baqhubeke basinde kuyo. Abangekhe basinde kuyo. Benza ntoni? Kanye njengokuba babenzile ngoko, bayenza impoxo iMithetho kaThixo. UThixo wathi, "Uze ungakrexezi." Kodwa babonisa ukuba banokuyenza loo nto, basinde beyenza. Bacinga ukuba bayakusinda beyenza, kodwa abangekhe basinde. Mhlawumbi ubungamelwe kukuza, uphulaphule oku. Hee? Nanjaning, uThixo wathi eli iyakuba lixesha esiyakuthi isibane esibomvu sidanyaze ngalo. UYesu watsho.

76 Ngoku sesinjani i—isono abasenzayo, besihleka isono! Ngamaxesha amaninzi, oko, kwaloo nto le Bhayibhile iyibiza ngokuba kukuziphatha kakubi, ihlabathi namhlanje liyibiza sisidima. Xa nithatha amantombazana aselula, niwakhululise impahla zawo zisuke, niwabeke phaya phandle enxibe iibhulukhwe ezimfutshane, iibhulukhwe zabafazi nezinto ezinjalo, niwahambise ehle ngesitrato, kwaye bacinga ukuba loo nto sisidima ukuba intombazana ibe nokubonisa ngenyama yayo yobufazi. Ngeli thuba, iBhayibhile ithi sisono eso, ngokoyikekayo! Kodwa ihlabathi liyibiza ngokuba sisidima.

’Yabona, bayenza iMithetho kaThixo . . . Kwaye ibandla alithethi nto ngaloo nto. Lithuba lokuba ukuba kubekho umntu ovelayo egameni lokulungisa, eGameni likaYesu Kristu, agxininise kulento, kuba ngathuba lithile kuyakufuneka siphendule ngayo ngoMhla woMgwebo.

77 Ngoku, ivakala ngathi yinto engacacanga yakudala, komnye umntu, khangela emva kwiminyaka embalwa edlulileyo ukhangele ukuba kuqhubeka ntoni na ngoku, uze ke uqikelele ukuba kuyakuba yintoni na kwixesha elizayo. Akukho kamva ngaphandle koKuza kweNkosi.

78 Qaphela, khangela aba bafazi bangaphambi konogumbe kunye noku kugabadela kukhulu kwanamhlanje; khangela ukuba babeyintoni na. Khangela ukuba benza ntoni na oonyana bakaThixo; khangela ukuba benza ntoni na namhlanje.

79 Ndandihleli kwingqungquthela kungekudala kwithuba elidlulileyo, kwaye yandaphula intliziyo ngokufutshane, xa bonke . . . Wonke umntu wayekhangeleka eyivuyela intetho yomfundisi othile, owayemi eqongeni. Kwaye ndandihleli ekoneni. Kwaye kwakukho i—inenekazi eliselula elangenayo, kwaye lalinxibe ngendlela embi kakhulu. Laze langena lihamba linqumla apha enkonzweni, njengokuba iBhayibhile isitsho, lizingca njengokuba lalihamba. Kwaye wonke umshumayeli owayeseqongeni, ndawonye nebandla, wonke umntu wajika intloko yakhe ekhangela, elandela le ntombazana. Ndaze ndacinga ngesi Sibhalo, “Oonyana bakaThixo bakhangela iintombi zabantu,” aboni, abazani nathixo, abafazi abahle, owu, oko kuzikrazule iinkonzo ezininzi. Kuwususile wemka uMoya kaThixo. Qaphela, “Bakhangela kwiintombi zabantu.”

80 Ngoku khumbula, uYesu Kristu ongenasono waxela ukuba ezi zinto ziyakuba yile ndlela ngaloo mhla. Waze Wathi, “Xa nithe nazibona ezo zinto zisenzeka, ngoko niyakwazi ukuba ixesha likufuphi.” Ngoku, akukho bantu baninzi abanokuyithetha loo nto. Baninzi abashumayeli abangenakuyithetha loo nto. Anganako, ukuba uyathanda. Kodwa ukuba angenza njalo, ibandla lingamkhuphela ngaphandle. Yinyaniso kanye leyo.

81 Kodwa nantsi into enye. Ukuba indoda ibizwe nguThixo, iyakuhlala nala Bhayibhile, andikhathali nokuba uyakufanela ukuba enze ntoni na. Kufuneka ukhumbule ukuba Yona iyiNyaniso. Kwaye iNyaniso iyabopha kungenjalo ikhulule. Kwaye le yiloo nto kanye wayithethayo uYesu Kristu.

82 “Oonyana bakaThixo bawa ngenxa yokumila kakuhle nobuso obuhle, beentombi zabantu.” Kwaye yiloo nto kanye esinayo namhlanje, yinto enye kwakhona.

83 Ngoku, thelekisa loo mhla. Ukwanda kwabantu; abafazi besiya bebabahle; oonyana bakaThixo besiwa; bezeka besendisa; amatyala okwalana; bephila elukrexezweni; njalo njalo.

84 "Kuba" utsho, "Mzalwana Branham, umzuzu nje. Andazi."

Phulaphula, mzalwana, kanye phambi kokuba ube nento oyithethayo, phulaphula oku. UYesu Kristu watsho, ukuthi, "Lowo ukhangela umfazi ukuze amkhanuke, usele ekrexeze naye ngoko entliziyweni yakhe." Kwaye xa ubona . . . Xa indoda ihamba iphuma e-ofisini yayo, iphuma enkonzweni, iphuma endlwini yayo, ingene esitratweni, yintoni oyibonayo kukwanekwa kodwa, kulo lonke icala, kwenyama negazi labafazi, iziqu ezilungisiweyo, kwanobuso obuhle, uhendwa. Yiloo nto awathi uThixo iyakwenzeka. Xa kusenzeka loo nto, ngoko ixesha lisemnyango.

"Njengokuba kwakunjalo ngemihla kaNowa, xa oonyana bakaThixo babona iintombi zabantu, baqala ukuzithathela abafazi." 'Yabona? Nantso ke.

85 Ngoku khangela. Siyayifumanisa loo nto, yinto enye namhlanje. Sibona kwimbali, ukuba kwabangako ukurhwebesha kokwazana kwendoda nomfazi kubo, bade oonyana bakaThixo bazenzela imifanekiso eqingqiweyo yabafazi. Leyo yeyoVenus, nabanjalo njalo. 'Yabona? Bona, bazenzela imifanekiso eqingqiweyo baqubuda kuyo. Xa uthi, "Mzalwana Branham, asinazo izinto ezinjengezo namhlanje. Awungeke uyithelekise loo nto naloo mhla." Andiva. Ndikholelwa ukuba kubi kakhulu kunokuba kwakunjalo ngoko namhlanje.

86 Yintoni esiyibonayo? I-TV! Awunakho nokuthabatha iphepha-ndaba koko yonke into oyibonayo irhidwe ngabafazi. Abafazi abahle kwipakethe nganye yewiski, koolindi-xesha, benxibe ngokuveza umzimba, kokuziphatha kakubi. Kwi-TV umabonwakude, kwinto yonke, kukho umfazi othile onxibe ngokuvelisa umzimba, umfazi othile omhle. Kwaye sifumanisa ukuba kwi—kwintengiso yemidiza, nakuyo yonke into onokukhangela kuyo, uyakufumanisa ukuba ngumfazi othile onomtsalane. Awunako nokubona intengiso yeekawusi zesilika ezinde ngaphandle kokuba ubone imilenze enciphileyo ihamba kuzo. Kwaye loo nto injalo. Kodwa yintoni na? Kutheni ukuba kube njalo?

87 Ndikhumbula indoda endandiyisebenzela, uChris Meisner, apha phezulu ekoneni. Abaninzi kuni bayamkhumbula uChris Meisner. Inkosikazi yakhe, uLilian, igama layo yayinguLilly, ndiyacinga, owakwaEllinger. Kwaye ngethuba yona . . . Kukho indoda eyezayo. Wayeyintombazana entle. Yaze indoda ethile yafuna imvume kutata wakhe, yokuba ibeke ubuso bakhe, umfanekiso wakhe, ukumila kwakhe, kwibhokisi yeelekese.

Waze lomLuthere mdala waseJamani wema ngenyawo, wathi, “Sisithuko eso kum, ukubeka umfanekiso wentombi yam kwibhokisi yeelekese, ukuze usasazwe kwilizwe lonke.” Kuyintoni namhlanje? Xa, iibhodi zeendaba, umabonwakude, yonke into oyibonayo, kukuziphatha kakubi, ubukrwada, ukuveza umzimba, kwabafazi abakhangeleka bengenathixo. Injalo loo nto. Yintoni na? Uloliwe, uloliwe o—omdala usemgaqweni wakhe ngoku. IBhayibhile yatsho, uyakube esiza kwakufutshane nje. Siyasiva isandi sakhe.

88 Sithetha ngezinye izinto malunga noko, kodwa, khumbula, esi sesinye isibane, sesinye sezibane ezidanyaza phambi kwethu. Owu, siyayibona imo yesizwe; siyazibona iziphithiphithi zopolitiko; siyayibona imeko yebandla. Sishumayela ngayo yonke loo nto. Kodwa le yinto entsha. Yinto ethile engadumanga kakhulu ukuba kuthethwe ngayo, kodwa oko kumelwe kukwenziwa, kuba kuyakubakho iZwi elikhwazayo. Khumbula, kwala mazwi ndiwathetha ngokuhlwanje ayakuhlangana nawe ngaphesheya eMgwebeni. ’Yabona?

89 Xa ndabona lo mfazi kungekudala, embonweni eyathi iNkosi yandibonisa wona, ndambona esifa. Lowo, andinakulikhumbula igama lalo mfazi, yena, uMarilyn Moonroe. Ndaye ndandingazange ndimbone. Andiyi kwimifanekiso bhanya bhanya. Kodwa nda—nda—ndayibona loo ntombazana, kwaye yayinomtsalane. Kwaye yayizama ukufikelela kwinto ethile; yayisifa, yayinokuhlasela kwentliziyo. Yaze iNkosi yathi, “Ngoku ungayithetha loo nto, ‘Ufe kanye ngentsimbi yesine. Akazibulelanga.’” Yathi, “Kodwa ungathi ufe ngentsimbi yesine, kuba yimizuzwana embalwa phambi kweyesine.” Ndaye ndabona apho bayifumana khona. Ndaze ndaxelela uBilly, ndaxelela usapho, abo babekunye nam ngaloo nto. Kwathi kwiintsuku ezimbalwa emva koko, yabe inguMarilyn Moonroe owaswelekayo.

90 Ngoku, ngethuba ndandiseCanada ngenye imini, abantwana bam bahlala bendixelela, ngaphesheya kwindawo ethile apho kwakukho inenekazi elalisinike indlu yalo, lalinomabonwakude. Baze bathi, “Kuzakubakho umdlalo, obizwa ngokuba, UMlambo Wokungabuyi.” Ngulo mlambo endiloba kuwo ngalo lonke ixesha. Kwaye uJohn Smith, umhlobo wam, nguye othabatha olo hambo lokujikeleza. Wathi, “Benza ibhanyabhanya ngawo.” Baze bathi, “Tata, mhlawumbi laa Mnu. Smith ukuloo nkqubo. Ungathanda ukuyibona?”

“Kulungile,” ndatsho, “xa ndibuya eCanada, ukuba ndithe ndabuya ngethuba, ndiyakuwujonga.” Ke, loo mdlalo wafika, ndawela ndaya kuwubona. Xa ndathi ndenza njalo, yayingubani odlalayo kuwo ingenguye uMarilyn Monroe. Ngoku, yayinguye lowo, emva kokuba sewafa isithuba esingangonyaka nangaphezulu, yayinguye lowo enxibe ngolo

hlobo luveza umzimba. Lalilapho izwi lakhe, esadlala; kwaye liyakubalapho, iminyaka ngeminyaka, kuloo ntambo yoshicilelo lukazibuthe. Ukuba loo ntambo yoshicilelo ibambe isenzo sakhe, ngoko ukuba angakhangela ekuloo ndawo akuyo ngokuhlwanje. . . Ndiyathemba ukuba usindisiwe, kodwa andazi; kukuThixo oko. Kodwa ukuba angakhangela emva, akangeze ayikhanyele loo nto. Akanakuyikhanyela le nto, ngokuba sinayo. Kukangakanani ukuba ngaphezulu ukuba uThixo abe ubambe yonke intshukumo, sonke isenzo, kwintambo yoshicilelo eyeyaKhe eyeyona inkulu yongameleyo eyakubakho. Asinakuphuma kuyo. Iphaya kanye.

91 Kwaye khumbula, ukuba bekukho umboko olapha kanye kule ndawo ukuyo *lo*, uze ube usasaza ngoku kwihlabathi, abantu abasehlabathini jikelele bangaliva izwi lam phambi kokuba libe lidlule kule pulpiti leza kuni. Oko ke bubuchwepheshe bezombane be—behlabathi.

92 Kwaye uyazi, iLizwi alifi. Alinakuze life. Inzululwazi ibanga oko, "Amashumi emibini eminyaka," ukuba bangaqhubela phambili njengokuba besenza ngoku "Bayakuba nako ukuchola ngokukuko iLizwi likaYesu Kristu ngethuba wayephezu komhlaba, kumashumi amabini eminyaka ukusuka ngoku." Ngokuba, kunjengokujula ingqalutye equleni, amaza amancinane angathi ekugqibeleni angabonakali kuwe, kodwa inzululwazi ibanga ukuba abuyela emva kunxweme olunye, ngaphaya kolwandle ukuya kolunye, aze abuyele emva aphinde kwakhona, kwaye akafi. Kwaye ngokunjalo amazwi owathethayo akapheli; ayakuhlangana nawe ngomhla woMgwebo, aze akugwebe okanye akusindise, kwaye awunakuze ube nako ukubaleka nalinye kuwo.

93 Ke siyaqonda ngokukhulu, ukuba kungena kanye kweli gumbi ngoku, imifanekiso yabantu. Ukuba awukholwa yiloo nto, vulela umabonwakude. Kwaye kukho amazwi abantu, kodwa izimvo zethu azinakuwabamba.

94 Ngoku, banesikhululo sokuthumela ipali enozibuthe, okanye ityhubhi, okanye into ethile yeglasi ebamba loo mazwi iwavelise kwakhona. Ke ngoku inye into eyiyo iBhayibhile, yile, iLizwi likaYesu Kristu Awalithethayo, kwaye Wona eneneni ayaphila kanye njenganalo naliphi na ilizwi elikhoyo ehlabathini ngokuhlwanje.

95 Ngoku, ukuba intliziyo yakho icociwe ngeGazi likaYesu Kristu, yaza yasisixhobo sokwamkela oko kuvela kwiSixhobo sokuthumela, Yena isenguye izolo, namhlanje, nangonaphakade, kwaye wenza kwa ezo zinto Wazenzayo, kuba iLizwi laKhe alinakufa. Wona aphila ngonaphakade. Abamelwanga kukuthabatha isixhobo esithile, okanye kumashumi amabini eminyaka ukusukela ngoku. SiLamkela khona ngoku. Ngoku, nantso ke.

96 Ukuphila kulo mhla mkhulu siphila kuwo, kufutshane nokuza koNyana womntu, zibe izibane zidanyaza kuyo yonke indawo, zoKuza kwaKhe. Sibona kwezombuso; sibona enkonzweni; sibona kwixesha; sibona kuyo yonke indawo esijonga kuyo. Sibona ilanga ukuba alikhangeleki njengokuba lalikade linjalo.

Ihlabathi alikho ndaweni yalo. Bandixelela ukuba khona ngoku, kwiPali yaseMantla, ngaphakathi phaya, ukuba ulwandle luthe, ndiyalibala ukuba kukangakanani na, lwaba nzulu kunoko lwalukade lunjalo. KwiGophe iPering, wawunokunqumla kulo. Ngoku, luzinyawo, ezininzi, ninzi, kwiGophe iPering. Kuba? Ihlabathi liyadumba embindini. Luya ludibeka apha ngaphandle kwindawo ebinzulu. Luze luye lusiba nzulu apha phezulu kwindawo elalikade lidibeke kuyo. Ihlabathi ngokupheleleyo alikho kwimo elalikuyo. Liyagxadazela. Liyashukuma. Yonke indalo iyanikezela, nayo yonke into esinokuyibona.

97 Ke ngoku, ngokuhlwanje, sifumana ukuba kwa indalo ngokwayo iyavelisa, kuluntu, umqondiso woKuza kwaKhe; kuba, oonyana bakaThixo, neentombi zabantu babababahle, nendlela abathi bazithathele ngayo abafazi. Yenjani iyure esiphila kuyo! Owu, bethu, nendlela ekwakuyiyo ngaloo mhla!

98 Ngoko sibona kwezembali ngale nto inkulu yothusayo, yamadoda enqula abafazi, kwaye sifumanisa ukuba namhlanje eli lihlabathi lomfazi.

99 NdandiseSwitzerland, kungekudala kwithuba elidlulileyo, kwaye ndandithetha no. . . Ngoku, kungekho ngokuchasana nabafazi abangaMakristu, hayi, mhlekazi, bangamatye anqabileyo. Ndithetha ngababaleka ehlabathini. Kwakukho inenekazi likhwele kunye nam, uMzalwana Juggenbuhl, nomhlobo wakhe oyintombazana awayephuma naye. Yindoda emalunga—emalunga nobubudala bam ngokusondeleyo, akazange atshate, ulisoka elidala, wayephuma ke nenekazi elithile eliselula. Yaze enye yamantombazana alapho, yaze yathi, "Mzalwana Branham, sixelele ngeMelika. Siyaqonda ukuba a—abafazi ngaphesheya phaya, lihlabathi labafazi phaya ngaphesheya, ngokuqinisekileyo."

Ndathi, "Injalo loo nto."

Wathi, "Oko ndahlala ndifuna ukuya."

Ndaza ndaqalisa ukumcacisela. Wathi, "Intoni?" Ndathi, "Ewe." Oko kwatshintsha imbono yakhe khona ngoko.

"Ke," watsho, "ungaphila ubomi boBukristu njani kwindawo enjengaleyo, ngoko?" Yicinge nje.

100 Xa ndaya kungena e—eRome, ndiphaya ezantsi eSan Angelo, kumangcwaba angaphantsi komhlaba, yayiyinto eyothusayo. Ndathi ndakuphuma kwihotele yam ndehla ndaya kutsho kuloo ndawo ibizwa ngokuba, "Three Coins In A

Fountain," ngabafazi estratweni, nendlela yokuziphatha kakubi. Abafazi baphuma bakucele ukuba ubakhuphe, zonke iintlobo, zobukhulu, neendidi zonke. Kwaye ndiyalibala ukuba bangaphi na abeza kuBilly nam noMzalwana uBaxter, ngaphambi kokuba sibe saya kufika ezantsi equleni, kunye namadoda akwaTWA awayesibonisa esijikelezisa. Ndathi, "Ingaba aba bafazi bamelwe kukuphila kanjeya?"

101 Bathi, "Hayi. Ngethuba amajoni angaphesheya pha, bayiqhela lento. Ke, ngoku, banawo umsebenzi, kodwa basaqhubela phambili."

Kodwa nakwindawo enjengaleyo, ndathi ndaya kufika kwindawo iSan Angelo, umbhalo ophakamileyo omkhulu apho, ophuma kwiVatican, wawusithi, "Isaziso kubafazi baseMelika! Ncedani ninxibe impahla ngaphambi kokuba ningene ninike imbeko kwabafileyo."

102 Ndabona intombazana yomMelika eParis, apho kukho, eneneni, ezinye zefashoni zethu zazidla ngokuphuma eParis. Kodwa la ntombazana yayinxibe ngokuziphatha kakubi kangako, ikunye noyise nonina, ngokude amajoni awayesebenza phaya phandle azilahle iipeki nemihlakulo, abaleke enyuke aye apho akhangele kuloo mbono, ukuze ajonge le ntombazana yomMelika idlula.

103 Sithi abamisela isantya seefashoni. Apho, kwakukade iyiParis, kodwa ngoku beza apha ukuza kufumana ubukrwada, ukungcola okuphantsi. Kwaye esi sizwe, apho imvuselelo ibisandula ukudlula, yobhaptizo noMoya oyiNgcwele, neNkosi uYesu ethandekayo ibonisa imiqondiso yaYo nemimangaliso yeenceba, nokuthetha ngemihla kaNowa, nezibane zidanyaza ukusuka kwelinye icala ukuya kwelinye. UThixo onokuvusa ofileyo kukhuko lwakhe; uThixo onokuphilisa abagulayo; uThixo onokuxela izinto ngaphambi kokuba zenzeke, aze azenze zigqibelele ngokupheleleyo, lonke ixesha, ngaphandle kokusilela. Kwaye ungashumayela kubafazi bakuthi eMelika, kwaye baya besibababi njalo ngonyaka. EBombay ndithetha . . .

104 EDurban, eSouth Africa, apho kwa-kukho amakhulu amabini amawaka abantu belo belapho phandle enkonzweni, ngethuba lommangaliso awathi uThixo wawenza. Kwaye ndabona amashumi amathathu amawaka abantu belo zwe abambatha ingubo. Abafazi bemi apho nee-intshi ezine zelaphu elinentsimbi kuphela zijinga ngaphambili ukuhla. Abe amadoda, enganxibanga mpahla, ililaphu elizii-intshi ezine. Behamba ze! Ingubo abalala phezu kwayo, ilufele lwebhokhwe; kunikelwa lona, kubo, xa bekubudala obuthile; baze ke bahlale kuloo nto, balale kuloo nto, bazisongele ngaloo nto, bafe bangcwatywe bekuyo, ebuhlanti kwindawo ethile.

105 Kwaye ndababona abo bafazi, besesemva kangako, ngokokude umfazi abeleke, ehleli kumashumi amabini eenyawo

ukusuka kum. Akazange aye sibhedlele. Bona benomnye umfazi bamncedisa apho umzuzu, waze wathi malunga nemizuzu emihlanu kwabe sekuphele konke. Waluthabatha usana walubambela esifubeni, ukuze luncance. Esemva olo hlobo! Kodwa bathi bakubona amandla kaThixo Onamandla onke esihla phezulu kwenkwenkwe eyayixhwaleke kangako, ingekho nasezingqondweni zayo; yaze yaphakama yema isengqondweni ephilileyo, idumisa uThixo; amashumi amathathu amawaka abantu belo zwe abavatha iingubo bamkela uYesu Kristu njengomsindisi wabo. Kwenzeka ntoni? Niyakhumbula, loo nto ingaphezulu kalishumi kunomhla wePentekoste. Amashumi amathathu amawaka! Kwaye akukho mntu . . .

Ndabakhangela abo bafazi ngawam amehlo, xa bawa emhlabeni, besaphula izithixo zabo, benikela ubomi babo kuYesu Kristu. Babengazi; ngeliphandle bengazange balive iGama laKhe, abaninzi babo. Kodwa bathi bakuwa nga—ngamadolo abo, ndaze ndababuza, ukuba babenyanisekile na ngaloo nto, benyanisekile, zebaphule izithixo zabo. Bazaphula ke izithixo zabo. Baze bathi bakuwa ngamadolo banikele ubomi babo kuKristu, ngethuba ndandibathandazela, baze baphakama kwakhona. Kwaye abo bafazi babenokuma iingalo zabo zijinga, bengazi ukuba babeze; bathi nje ukuba uBomi bukaKristu buchukumise ubomi babo, ndababona abo bafazi besonga iingalo zabo bemka phambi kwamadoda. Kwaye ukuba ukuchukumisa kukaYesu Kristu kuyakwenza loo nto owasemzini owambatha ingubo, kumelwe kukwenza ntoni isizwe esayivayo iVangeli isithuba samakhulu eminyaka? Naku apho sikhoyo ngoku . . . Ndayibona loo nto. Loo nto asiyonto yathethwa ngomnye umntu. Ndayibona loo nto. 'Yabona? Kuyamangalisa ke ngoko ukuba sizibize ngokuba singaMakristu, kuze kuthi nyaka ngamnye sikhulule ngokuthe chatha. Kwaye amabandla abonakala ngathi akayikhathalelanga loo nto.

106 Iinkqubo ze-TV, owu, zenza inyama yabafazi negazi . . . Abangothixo Abazozithixokazi. Kodwa oko kubeka iMelika ngokuchanekileyo kulungelelwano lokuzalisekisa iSibhalo. Inani leMelika lishumi elinesithathu. Umfanekiso oqingqiweyo weMelika ngumfazi, njalo. Ukwimali yethu. Ukuyo yonke into. Kwaye ngoku ngokuqinisekileyo kuzisa kwixesha apho siyakuba nesithixokazi saseMelika, kananjalo, asikudanga kakhulu. Ungawubona umbhalo useludongeni.

107 Owu sizakwenza ntoni? Awunakho nokuhamba esitratweni ufumanise . . . Ukhangele phandle esitratweni, uqale ukuhla idolophu uze ubone nje ukwaneka kwabafazi, indlela abathi bazenze ngayo ngempahla kuloo nto, ngokunyanisekileyo, umfazi umelwe kukuba abe neentloni ngokuma kwigumbi lakhe lokunxibela elolo hlobo. Ukuhamba phandle estratweni, eziqinise kangako, ene—enento encinane yempahla ayinxibileyo.

Baze—baze babephandle kumanxweme okuqubha benxibe ezi zinto zincinane zangaphantsi, iibhikini, okanye nokuba ndizibiza njani na, bezinxibile, nezinto ezinjengezo. Babe bengazi ukuba kubo kukho umoya wokungcola. Xa, abaninzi babo becula ezikwayaleni. Yiloo nto awathi uYesu iyakwenzeka.

108 Inyama yabafazi! Bayinyama negazi. Abazozithixo. Kokwam ukubona . . . UThixo andixolele ukuba ndiyaphosisa. Kukuthengiswa ngezixa kwabazihluba impahla. Kunganzima ukuba uyigxeke indoda, ukuba a—ayingoMkristu, koko ingawa, iwe de . . . 'Yabona, ayikhange ibe nako ukuzibamba. Iyamangalisa ukuba kungabikho kudlwengula okungaphezulu okuqhubekayo, ngokuba, okuninzi kwabo, abafazi banetyala ngako. Kodwa, ukuba bekungenjalo, ubunokuwagxeka njani amadoda? Beka igxeke apho igxeke lilelakhona.

109 Umfazi uthi, "Ngoku, Mzalwana Branham, ndiziphethe kakuhle kanye njengokuba ndi . . . " Akukho mathandabuzo ngaloo nto.

"Kodwa, dade wethu, uyazi ukuba uyakuphendula ngoMhla woMgwebo ngenxa yokukrexeza xa uzijula phaya phandle aze amadoda akhangele kuwe? Wathi, "Okhangela umntu oyinkazana amkhanuke, usele ekrexeze naye entliziyweni yakhe, kwaye umelwe kukuphendula ngenxa yoko." Kwaye mhlawumbi awukhange usenze isenzo, kodwa ukuba uvumela uSathana ukuba afake umoya kuwe, ngeli thuba, indalo ngokwayo imele ukukufundisa ukuba loo nto ayilunganga! Ngaphandle koMoya kaThixo, imvelo ngokwayo imelwe kukuyenza loo nto, ikufundise oko ukuba akulunganga.

110 Ndixela kwangaphambili okokuba kwakutshanje bayakuvela nenye yezi zinto, iyakuba ligqabi lomkhiwane nje kwakhona. Ndakuxela kwangaphambili oko kumashumi amathathu eminyaka eyadlulayo. 'Yabona, isithuko esithile kwiBhayibhile. 'Yabona? Bayakuyenza loo nto. Ukuzihluba kwasekuhleni.

111 Ngoku, usathana wenza into enye koonyana bakaThixo namhlanje. Kwaye loo nto injalo. Khangela amashishini ethu. Uninzi lwamashishini ethu alawulwa ngabafazi, amaninzi awo. Injalo loo nto. Khangela kwiinkonzo zethu, khangela kwisizwe sethu, indlela oonyana bakaThixo abakude ngayo phantsi kwimifanekiso eqingqiweyo yezinto, aba bafazi. Ngeli thuba, bangawo, kum, bayinto engaphaya, amahenyukazi asesidlangalaleni. Yinto embi neyoyikekayo leyo ukuba ithethwe, kodwa yinyaniso ehamba ze. Ndiyazi ukuba abantu bayaweva la makhasethi nezi zinto, bayakuthetha ezi zinto. Kodwa ungayenza njani loo nto? Ukuba uzivelisa ngolo hlobo, aze amadoda akujonge, njengokuba uYesu wathi sele "ekrexezile" kunye nawo. Ukuze xa loo ndoda imelwe kukuphendulela ukukrexeza, ngubani owayenzayo loo nto,

lityala likabani elo? Ngumfazi lowo wazihlubayo ngolo hlobo wazivelisa, okanye wazimisa phambi kwaloo moni. Injalo loo nto. Ngumqondiso wantoni? Lixesha lesiphelo, isibane esibomvu.

112 Ubumama baphukile. Izizwe ziyaphuka. Ngoku ukuba ufuna ukubona apho uYesu wakuthetha khona oko, funda kuMateyu 5:28. Kulapho yayikho. Ubomi bomfazi bubo obu benze baqingqa ukuwa, phezu kwaloo nto, amandla okwazana kwendoda nomfazi aba lubhukuqo. Ukuba ufuna ukufundisisa emva, nazi izizwe endiye ndafunisisa emva ukuwa kwazo. Ezinye yayi-Jiphethe, ne-Asiriya, iRome, nezinye ezininzi, zawa ngenxa yabafazi.

113 Qaphela, akukho nto uthixo anokuyinika indoda, ngaphandle kosindiso, ingcono kunomfazi olungileyo. Akukho ndoda inokumthuthuzela, akukho—akukho mntu unokuthuthuzela umntu xa ediniwe, abanakwanela nguye nabani na njengokuba umntu esanela yinkosikazi yakhe. Kwaye lithamsanqa elinjani kuni bazalwana ukuthi xa unenkosikazana elungileyo engcwele ehamba kakuhle, eziphethe kakuhle, uze ungene xa udiniwe uphelile, uhlale phantsi ize incokole nawe. Ingenza okungaphezulu kunye nawe kunaye nabani na ongomnye. Injalo loo nto. Ulilitye elinqabileyo. Lingukumkanikazi.

114 Kodwa khumbula, "Umfazi wenzelwa indoda; hayi indoda ngenxa yomfazi." Ubume bokugqibela obudalwayo owathi uThixo wabudala yayiyindoda. Umfazi yimveliso ephuma endodeni. "Kwaye yena wenziwa ngenxa yendoda; hayi indoda yenzelwe umfazi." Bayijijile bayijika loo nto, kwaye amadoda awa kwimifanekiso eqingqiweyo yabafazi. Yayiyiloo nto kanye eyaqala oko ekuqalekeni. Yiloo nto eyenzeka ekuqalekeni. Ngethuba unyana kaThixo, u-Adam, wayengenakuze ahendwe ukuze enze okuphosakeleyo, uSathana wangena emntwini obizwa ngokuba yinyoka, owayefana nendoda. Kwaye naku apho yaqala khona, ukuba u-Eva waphuma ngaphaya kweLizwi likaThixo, yaze loo nto yadala yonke intliziyo ebuhlungu, yonke iyadi yamangcwaba. Sonke isono esakhe senziwa, saqala kanye apho.

115 Yiyo le kwakhona. Yintoni? Abafazi yayingunobangela wokuwa kokuqala, kwaye abafazi bayaligqibezela ixesha. Nguye owakuqalayo; nguye okugqibezelayo. Akumangalisi ukuba iBhayibhile yathi, "Abo babaleke basinda eZiyon bayakuba nobuqaqawuli ebusweni beNkosi."

116 Xa u-Isaya 5, ethetha malunga nokuziphatha kakubi kwabafazi ukuba kuyakuba yintoni na ngemihla yokugqibela, nokuba kuyabakho, ezingako impahla abayakuba nazo, nendlela abayakuthi ngayo iinwele zabo bazilungise, nayo yonke into elolo hlobo. IBhayibhile yathetha ngaloo nto, u-Isaya 5. "Uyakuhamba ngezihlangu ezinethende eziphakamileyo,

ezibhija iinyawo njengokuba ehamba. Kwaye uyakuzithoba iikawusi ezinde, nezinto ayakuzenza; nokumiselwa kwezinto okuninzi okuguqukayo, ukunxiba, nezinto ezilolo hlobo." Waze wathi, "Konke oko kuyakususwa kuye, kwaye uyakuhlala anuke, koko kuziphatha kakubi." Waze wathi, nditsho, "Abafazi abasixhenxe bayakubambelela ndodeni inye, bathi, 'Siyakwenza owethu umsebenzi. Masithabathe nje igama lakho, ukuze ususe ihlazo.'"

117 Kodwa wathi, "Uyakuba nobuqaqawuli obunjani elo sebe liyakuphepha zonke ezi zinto! Uyakuba 'BUBUNGCWELE ENKOSINI' ngaloo mini," xa ayakuthi abenene abazelwe ngokutsha abafazi bayazi indawo yabo, nangona beyakuhlekwa, babizwe ngokuba ngabaphambeneyo nabefashoni yakudala nayo yonke into. Kodwa, yenza njengomfazi, njengenenekazi! Yima njengomfazi! Nxiba njengomfazi! Thetha njengomfazi! Phila njengenenekazi, kanye phakathi kwaloo nto. Ewe. Amen. Kanye, oku kuthetha ukuthi, "makube njalo." Musa ukoyika. Oko akwenzakalisi. Kulungile.

118 ILizwi elilelikaYesu lathi oko kuyakwenzeka, oko kwaneka kukhulu.

119 Kwakhona Wathi, "Ngemihla kaLothe," ukuba ufuna ukusiphawula eso Sibhalo, si—sikuLuka 17:28. Wathi, "Babesidla, besela. Bathenga. Bathengisa." Ngokuqhelekileyo, zizinto ezifanelekileyo ezi. Kodwa khangela. Kwaye—Kwaye bangena kuzo, kodwa babeka konke. . .yonke ingqondo yabo kuloo nto.

120 Kwaye ngemihla kaLothe, abafazi babephantsi ngolona hlobo, ekuziphatheni kwabo, bade abasetyenziswa njengabafazi abamele ukusetyenziswa, kodwa bagqwethwa, bade bona. . .Yayiyinto ephantsi kakhulu, ukuba abafazi babephantsi ngolo hlobo, wona—wona, amadoda ahlala namadoda. Ukugqwethwa kokwemvelo kusuka kumalungu obuni ayiguqula indawo yawo, ngokuba abafazi baba lula kakhulu.

121 Kwiintsuku ezimbalwa ezidlulileyo bendiphaya phesheya, eTucson, ndaya kufuna ilofu yesonka. Kwaye kwakukho inkwenkwe ihleli apho, namakhwenkwe amancinane esemotweni. Enye yangena yathenga ipakethe yesigarethe. Indoda endala engwevu yakhangela phantsi, yathi, "Zezikabani ezi zigarethe, zezikamama wakho?"

Yathi, "Hayi, zezala nkwenkwe."

Yathi, "Ingaba indala kangangokuba ingazezayo?"

Yathi, "Ewe, mhlekazi."

Yakhangela ngemva *ngolo hlobo*. Ndandimi ndiphethe ilofu yesonka nebhekile yobisi, ndikhangele. Yaze yemka, yathi, "Kulungile," yaze yamnika.

Yakhangela kum kwakhona, yathi, “Ndiyayithandabuza loo nto.”

122 Ndathi, “Ayinakuba ndala ngokwaneleyo ukuze yenze loo nto. Ise . . . Ayindalanga ngokwaneleyo nabuphi na ubudala.”

Yathi, “Ndiyakuvumelana nawe.” Yathi, “Ingaba—Ingaba usokoliswa kukuzama ukuziyeka?”

123 Ndathi, “Andizange ndiziqalise.” Ndathi, “Andizange ndikuqalise.” Ndathi, “Abazali bam babetshaya besebenzisa icuba, kodwa iNkosi uThixo yandigcina ekwenzeni loo nto.”

124 Waguquka wajonga kum ngokumangaliswa okuthile, waze wathi, “Ke, ndicinga ukuba lihlazo elibolileyo, namhlanje, ukubona indlela . . .” Yathi, “Kwakukade, sasibabeka kwindawo ebalulekileyo abafazi.” Yathi, “Sasimhlonipha umfazi. Sasithula iminqwazi yethu xa ekho. Sasisihla ngezitrato, aze amanene ave umntu othile esenza intetho ngomfazi othile, babemqhwaba awe phantsi.” ’Yabona? Yaze yathi, “Babehlonipha abafazi.” Kodwa yathi, “Mhlekazi, abafazi bazitsalele irhola.” Yathi, “Ngoku abaphakami. Babedla ngokuphakama; kwinqwelo yasesitratweni, inenekazi liphakame, yonke indoda yayisothula umnqwazi wayo ilihlalise phantsi.” Ndathi, “Ngoku kukutyhalwa, kwesihlwele!” Yathi, “Bazitsalele irhola.” Kwaye yinyaniso leyo.

Laa mngxuma womtyholi weHollywood phaya ngaphesheya uvelise loo nto komabonwakude noolindi-xesha, yade loo nto yaba yinto enkulu kakhulu yembiza yokungcola. Injalo loo nto.

125 Ndiyazi ukuba loo nto ayiyonto edumileyo yokuthethwa, kodwa iyintetho eyinyaniso. IyiNyaniso. IliLizwi leNkosi, nomqondiso wesiyalo kananjalo awathi uKristu uyakubakho kwesi sizukulwana. Wathi, “Abo bazibonileyo ezi zinto zisenzeka, abasayi kudlula baphele zide zonke ezi zinto zizaliseke.” Wathi, “Kokubini amazulu nomhlaba ayakudlula, kodwa iLizwi laM alisayi kudlula.” Sisilumkiso. Isibane esibomvu siyadanyaza; hlisa umdiya-diya. Sikwixesha lesiphelo.

126 Siyayibona imiqondiso yeNkosi uYesu yokuphilisa abagulayo, ukuvusa abafileyo, ukukhutshwa kwemimoya engcolileyo. Siyababona a—abantu benziwe ingcwele bengcwele, ngoMoya oyiNgcwele. Sibona ubomi butshintshwa. Sibona imiqondiso emikhulu. Sibona imiqondiso eyinqaba esibhakabhakeni, injengezinto ezibhabhayo ezingaziwayo. IPentagon, abantu abaninzi beyifaka kumabonwakude, beyibhala. Abayazi into amabayicinge ngayo. Zonke iintlobo zemiqondiso efihlakeleyo! INkosi uYesu iyeza isihla ikwimo yeNtsika yoMlilo, yenza ukuba umfanekiso waYo uthatyathwe, uphila phakathi kwethu, uqondakalisa ukuba Yena nguye izolo- . . .

127 Sizibona zonke ezi zinto zisenzeka. Sibona ukubanda kwebandla. Sibona ihlelo likhula. “Xa niwubona umthi womkhiwane, nayo yonke eminye imithi ivelisa amagqabi,” amaJuda ebuyela. “Umthi womkhiwane,” amaJuda ebuyela kwisizwe sawo, ilizwe elilelawo. Siyawabona amaPresbhithari, amaWisile, amaBhaptizi, amaLuthere, abakwaMoya, onke amabandla, “evelisa amagqabi awo,” *imvuselelo*. Wathi, “Zilungiseleleni! Lixesha elo.” Xa sibona oku kusenzeka, ngoko kuxa uThixo elungiselela ukubiza uMnyulwa waKhe. Ngoko xa wena . . .

Omnye umqondiso. Wathi, “Xa nithe nabona abafazi besiya bebabahle ngokukhulu, xa nibona oonyana bezithathela abafazi, bezithabathela abafazi, besenza *oku*, *okuya,* kunye *nokunye*,” wathi, “yazini ukuba nguwo lowo umqondiso.” Naku ke.

128 Ngoku, into eyenye ebendiyibhale phantsi. Khumbulani iintombi ezimbini zikaLothe. Ewe, siyayikhumbula loo nto, ezantsi esixekweni saseSodom. UYesu wathi apha, kuLuka 17, “Njengokuba kwakunjalo ngemihla yeSodom.” Khumbula, ukuba, amadoda abasebenzisa ngokungekuko abafazi ngendlela yokokude isenzo semvelo sobomi sasingasanqweneleki. Kwaye, owu, kuyoyikeka ukuthetha oku eqongeni, kodwa oku . . . Ukuba kwakhe kwakho iNyaniso, imelwe kukuphuma apha. Kwaye kubi kakhulu, namhlanje, ngokokude kubekho amashumi amawaka aphindwe ngamashumi amawaka abo, besanda kuyo yonke indawo, ukugqwethwa, ubuSodom, kanye njengokuba kwakunjalo ngaloo mhla. Ngokuba ukusetyenziswa ngokwemvelo kobomi bomntu ukuze azivelise kwakhona phezu komhlaba uphethwe ngendlela engeyiyo kangako, kwaze kwaqhutyekwa naloo nto ngale ndlela kwenziwe ngayo, wade umnqweno waloo nto wabe uyasilela ngokukhawuleza. Ndizakuthi, kwisithuba seminye iminyaka elishumi okanye ishumi elinesihlanu uyakube udlule, ngokufutshane, ngendlela ekwanda ngayo ubomi.

129 Iintetho ezinkulu. Ndinento ethile evela ku-Edgar Hoover malunga noko, kodwa andazi . . . Bendicinga ukuba ndinayo ilapha, kodwa andinayo, into ethethayo malunga naloo nto. Kwaye ngoku siyazifumanisa ezi zinto. Owu, bethu!

130 UYuda, kule incinane, iNcwadi enkulu, ndiyibiza ngolo hlobo, umqolo we-7, masiyifunde nje. Ndifuna ukufunda oku. Kweye-7. Le yincwadi yokugqibela phambi kweNcwadi yeZityhilelo. Ndiyibhale phantsi apha, uYuda 7, umqolo we-7. Amadoda nabafazi ezisa izifungo zawo zomtshato, ezaphula, elandela nyama yimbi! Phulaphula.

> *. . . njengokuba iSodom neGomora, nayo imizi engakuyo yenza kakhulu umbulo ngohlobo, . . . ngohlobo olufana nazo ezo, imka ilandela nyama*

yimbi, . . .('Yabona? Owu.) umbulo, *ilandela nyama yimbi, ibekwe ekuhleni ukuba ibe ngumqondiso, iviswa ubetho lomlilo ongunaphakade. Oko kuthetha, ukutshatyalaliswa ngokupheleleyo kwaloo nto.*

131 Apha kungekudala kwithuba elidlulileyo, eLos Angeles, ndandilindile, okanye ndiphandle kwimihlaba yeenkampu. Ndandikhwele endleleni. Laze i—inenekazi elincinane, intombazana entle, entle kakhulu yayihamba inyuka ngendlela. Ndaze ndacinga, "Inokuba iyakumboniso othile." Yaye yayineempahla ezithile zasemideni, zimalunga—malunga nje nesithandathu okanye isibhozo see-intshi ngokubanzi apha ngaphambili kuyo, nento encinane yezintathu okanye ezine nje yefringe ijinga. Zaye ziphezulu apha kumzimba wayo, indawana encinane, ngokungathi nje ungavala yonke indawana yayo ngenqindi lakho, ijinga kuye *ngale* ndlela. Ithwele umnqwazi wabalusi, nezihlangu ezikhulu ezine-tassles. Yaye inomtsalane kakhulu, ndabona ukuba nawuphi na umfana anganyathela iziqhoboshi ngokukhawuleza nayo yonke into, ukuze ayimise, ihamba izibhija endleleni.

132 Kwaye ndandilungiselele ukujika ndiye kwithafa lenkampi, ndenyuka ndaya kwithafa lenkampi. Ndaqala ukujika, ukubuyela emva. Ndacinga ukuba ndizakuma, ndithi, "Nenekazi eliselula, ndinqwenela ukuthetha nawe eGameni leNkosi yethu uYesu Kristu. Nangona uyi-ntombazana entle akukho mathandabuzo ngaloo nto, nangona unokumila ekunokuthi eneneni . . . Wena, ufuna ukuva iziqhoboshi zitswina. Ingaba uyaqaphela ukuba loo moya ukwenza ukuba wenze loo nto uyakukuqhubela kwisihogo somtyholi apho uyakuhlupheka khona wonke amaphakade ayakuza? Ingaba uyaqonda ukuba obo buhle, umzinjana omile kakuhle, uze umise izidlele neenwele, nezinto ezinjalo, imilebe ebomvu, mhlawumbi kwe—kwezilandelayo iinyanga ezintandathu iimpethu ziyakube zirhubuluza ziphuma zingena kuloo mzimba umile kakuhle, apha phantsi eluthulini? Ukuze loo mphefumlo uhlala ngaphakathi apho, namhlanje, ube kwintuthumbo yomtyholi."

133 Yaze into ethile yandinqanda, ngokungathi uThixo uthi, "Ukuba uyayenza loo nto, bayakukuvalela ngaphaya ejele." 'Yabona? Nantso ke. Ndaze ndabona uBilly ephuma ehamba, yayilixesha lokuba ndize. Ndabeva becula u*Kholwa Kuphela.*

134 Owu, bethu! Bangathini abantu ukuthakathwa kwinto enjengaleyo? Kungokuba abalihloniphi iLizwi likaThixo.

135 Kwaye enye into, ngabefundisi abasemva kweqonga, abazibandakanye nale mibutho, abafunda le Nto baze baYazi, baze balelwe ukuba bathethe nto ngaYo, ngokuba bakukuliqhuba limke ibandla labo kubo ngoko. Kwaye amabandla afuna amalungu. Kodwa uThixo ufuna iingcwele

ezizelwe ngokutsha zikaThixo ophilileyo, eziya kukhazimla ngokwenkwenkwezi. UThixo makasincede ukuba sinyaniseke sithethe iNyaniso, loo nto uYesu Kristu wayithethayo. Kodwa leyo yile mini siphila kuyo. Yiloo miqondiso wathi uYesu iyakubakho, kwaye siyayibona apha phambi kwethu kanye.

136 Khangela ngoku, kwaye uYuda isahluko se-7 kwakhona, "ISodom neGomora." Owu, bethu, yinto eyoyikeka kanjani! Bengatshatanga nabafazi, "Belandela nyama yimbi." Indoda etshatileyo nenkosikazi yayo, a—abasebabinanga, banye. Ke indoda eyakubaleka ilandela mfazi wumbi, ngokuzenzekela iyazahlula enkosikazini yayo. Kwaye umfazi obaleka nenye indoda, ufile kowakhe umyeni. Uyikhanyele eyakhe inyama; uzisike wemka kuyo. Injalo loo nto. NgoMhla woMgwebo, kuyakunyanzeleka baphendule ngaloo nto.

137 Kodwa namhlanje abafuni kuwuva uMyalezo onjalo. Abantu abafuni kuyiva loo Nto. Bafuna ukunyunjazwa ezindlebeni zabo. Kanye laa nto uMoya oyiNgcwele wandixelela yona ngalaa mhla ndandiqika isoyi phaya, wandixelela ukuba:

> *Livakalise ilizwi; zingisa ukwenjenjalo ngamathuba alungileyo naxakekileyo; . . .*
>
> *Kuba kuyakubakho ixesha abangayi kuyinyamezela imfundiso ephilileyo; bayakusuka ngokweenkanuko zabo . . . bazifumbele abafundisi, bebaba iindlebe;*
>
> *. . . babeyakuzisonga zimke iindlebe kuyo inyaniso, baphambukele ke kuzo iintsomi.*

Wathi, "Xa ukushiyile loo mbono, uze ufunde uTimoti weSibini 4." Wathi, "Ungalibali, uTimoti weSibini 4!" Waze wathi wakundishiya loo mbono, ndimi phaya kanye kwiSitrato se-7, ndiyinkwenkwe eneshumi elinethoba leminyaka ndimi apho, iLizwi likaThixo lathetha nam ndisegumbini, waze Wathi, "UTimoti weSibini 4." Yiloo nto kanye ekujike kwayiyo. 'Yabona? "Kuyakufika ixesha abangayi kuyinyamekela imfundiso ephilileyo."

138 Abantu bafuna into ethile. Abantu bakwaMoya bafuna into ethile enokubambambazela emqolo, ibayeke baphile ngendlela abafuna ukuphila ngayo. Baze babe nokudlala ipiyano ngamashumi amane ngokukhawulezisa ngomzuzwana, baxhume banyuke besihla, bexhentsa ngakuyo; baze abafazi baqhube ngendlela abafuna ngayo, namadoda ibe kwayiloo ndlela. AmaPresbhithari, amaWisile, amaLuthere, namaBhaptizi, baninzi abantu abanyanisekileyo kuyo yonke loo mibutho. Iyinyaniso kanye loo nto. Kodwa loo nkqubo ibapholele phantsi kangako, kangangokuba bade bacinge ukuba okoko nje bengabaloo nkonzo, igama labo likwezoncwadi, basingise eZulwini. Igama lisencwadini

emhlabeni apha, alithethi *nakangaka* kuThixo. [UMzalwana uBranham uqhwakraza umnwe—Mhl.] Igama lakho limelwe kukubhalwa kwiNcwadi yoBomi yeMvana, ngeGazi likaYesu Kristu, ukuze wazi ukuba izono zakho zixolelwe. Injalo loo nto.

139 Kodwa xa befuna olo hlobo. Lolo hlobo lwabefundisi abalufuna kubo. Abafuni nto iyenye. Kwaye xa uThixo kule mihla yokugqibela ethe washukumisa sonke isipho esiNgcwele esixeliweyo eBhayibhileni, sonke isipho awasithembisayo uYesu Kristu, sonke isipho, nawo wonke umqondiso, nawo wonke umqondiso wexesha lesiphelo. Yonke into eyayithenjisiwe kule Bhayibhile, kangangoko ndinokubona, ngokwam, sele ishukunyisiwe phambi kwesi sizwe, saye sona siyeyela sibhekisa ngasesihogweni ngokukhulu kangangoko sinako. Ububaxelele? Bayakubaleka bebheka phambili, nakanjani na.

Mandifumane nje iZibhalo ezimbalwa ezithe chatha apha phambi kokuba sivale. Kulungile. Owu, "Baphumele ukuya kugwebo oLungapheliyo." Yiloo nto abayiyo, itsho iBhayibhile.

140 Esi sizwe silele kwakoko kubola kunye. Oku kubola kunye komanyano lokuhlala, esi sizwe silele kuko ngokuhlwanje. Niyayazi loo nto. Asikokuqhula. Asikokuva ngondiva. YiNyaniso. IGenesis 6:12, "Inyama yonke yayiyonakalisile indlela yayo, abantu behamba ngendlela yabo," ngendlela abacinga ngayo, bengayihoyi imithetho kaThixo. Yiloo ndlela abenza ngayo abantu namhlanje. Abantu abafuni kuliva iLizwi likaThixo. Abantu abafuni kuLiva. Bafuna ukuhamba ngendlela eyeyabo.

141 U-Izebhele wakwala ukuliva iLizwi leNkosi. Wayengafuni ukubiza laa mshumayeli ukhangeleka euukuku, u-Eliya, ngokuba ngumfundisi wakhe. Kodwa wayengumfundisi wakhe, nakanjani na. Kunjalo. NguThixo owamthumelayo, kwaye wawukhonya umyalezo wakhe. Nangona wayengafundanga, babengazi ukuba wayevelaphi na okanye waya phi na. Wathi gqi eneLizwi leNkosi. Wathumela umyalezo wakhe, awawushumayelayo, kwaye wagxeka yonke into eyayikho, ebizwa ngokuba sisono. Loo, loo Izebhele wangoku, watshintsha wathakatha abantu phantsi kobugqwirha bakhe bamandla sade sonke isizwe sangcoliseka, waze u-Eliya wema yedwa phaya phandle entabeni. UThixo wathi, "Eliya, musa ukucinga loo nto. Ndinamawaka asixhenxe phaya ezantsi anyanisekileyo ngentliziyo, asekho." Lutsalo lwakhe lwesibini lwamandla olo, kwaye utsalo lwesithathu lwabuyela bona.

142 Kodwa khumbula, uThixo wayenenceba waze Wa—Wa . . . NoMyalezo ka-Eliya wasigweba isizukulwana esingakholwayo.

UMyalezo kaNowa wasigweba eso sizukulwana, waza wezisa umgwebo phezu kwabo bathi bala ukukuva, nenkululo kwabo bawukholwayo. “Kwaye njengokuba kwakunjalo ngemihla kaNowa, kuyakubanjalo ekuzeni koNyana womntu.”

143 IGenesis 6, ukungahoywa kwemithetho kaThixo! Bathi, “Imithetho kaThixo?” Oko kuthethwa liLizwi likaThixo namhlanje, eBhayibhileni!

Ngoku phulaphula, andikuthethi oku ndisingise nakuwuphi na umntu omnye. Ndinoxanduva kuphela, njengomzalwana wenu. Ndinoxanduva lokunixelela yonke iNyaniso, njengokuba uPawulos oNgcwele omkhulu watshoyo phambi kokuba emke, “Andikucezelanga ukunixelela lonke icebo likaThixo.”

144 Ngoku, iBhayibhile itsho, namhlanje, ukuba abafazi abamelwanga ukuba bachebe iinwele zabo. Andikhathali nokuba bangaphi na abashumayeli abatshoyo ukuba loo nto ilungile; ayilunganga. Andikhathali nokuba zingaphi na iinkonzo eziyimelayo; iBhayibhile isathi ayilunganga. “Kulihlazo kuye ukuba enze loo nto.” Kodwa baqhubela phambili ngokuyenza, nakanjani na, baqhubele phambili. Benza ntoni? Kweyabo ingqondo, bazenza ukuba babe bahle eziqwini, bacinga ukuba bahle.

145 ILizwi likaThixo liyayala, akasayi kuzenza ezi zinto. “Akasayi kunxiba iimpahla, okanye into eyenzelwe abafazi okanye nantoni na esingisele ekubeni yeyendoda,” kodwa uqhubela phambili esenza kwaloo nto. Uzame ukumnqanda?

“Ngoko, ungxola ngantoni ke, Mzalwana uBranham? Yintoni uqhubela phambili nje? Ngoba, abantu bangakuthanda ngcono ukuba unga . . .” Andikhathali, yiloo nto. Ndiyakhathala ukuba bacinga ntoni na abantu. Ngoku ungandivi kakubi. Kodwa ndinomdla kuloo nto icingwa nguThixo, kwaye *eli* liLizwi laKhe.

Ewe, mxelele ukuba akulunganga ukwenza loo nto, uyakuqhubela ayenze, nakanjani. ’Yabona? Kuba? Abafazi kuso sonke iSikristu bayazenza ezi zinto, kwaye ibandla alibonakali likhathala malunga naloo nto. Kutheni lento kunjalo? Oonyana bakaThixo bawele ukukhanuka inyama yabafazi negazi, baze bakhanyela kwaloo Thixo neGazi elabathengayo, ukuze li-bahlule kwezo zinto zingcolileyo. Amen. YiNyaniso leyo. Ngoko uThixo makandincede, yiNyaniso leyo.

146 Uzame ukukunqanda? Ucinga ukuba uNowa ukushumayela kwaKhe kwabanesithintelo esithile? Hayi, mhlekazi. Kodwa yayiyintoni? Izwi, iZwi. Kwaye xa sonke sibizelwe eMgwebeni, kwalo Myalezo ndiwushumayelayo, ngokuhlwanje, uyakuhlangana nam apho, iLizwi neeLizwi. Ke ngoko, uyakwenza ntoni? Sisibane esibomvu eSidanyazayo.

147 Kwakukho ixesha, ubukrwada phakathi kwabafazi. Sizakuthi. . . Sizakuyibeka nje le, ngokuba kungabafazi. Kwaye niyamangaliswa ukuba kutheni ndisoloko ndikrankxalaza ngale nto. Ngoku ndizakuyibeka, ndifumane i—iZibhalo ezininzi ezilapha phambi kokuba sivale, ndinibonise ukuba kutheni na. Kwaye naso isizathu ekumelwe ndihlale ndinyanisekile kweli Lizwi, kwaye sonke isicaka sikaThixo simelwe kukuhlala sinyanisekile kwiLizwi. Unyanzelekile ukuhlala, ngokuba kuyakubakho izwi kwindawo ethile eliyakukhwaza lichasene naloo nto. Andikhathali nokuba benza ntoni abaninzi babo; awunaxanduva ngenxa yabo. Uphendula njengomntu ngamnye. Awuphenduli njengomWisile, awuphenduli njengomBhaptizi, okanye owakwaMoya. Uphendula njengomntu ozimeleyo, kuThixo ngenxa yobomi obubobakho.

148 Kwaye sibona le miqondiso, ukuze nangoko baqhubele phambili beyenza. Umxelele ukuba akulunganga, ubone ukuba uyakuthini na. Uneenkani! Yiloo nto kanye awayenzayo u-Eva. U-Eva wayesazi ngcono kunokuba enze loo nto. Wayenza? Wayenalo iLizwi likaThixo. Lathi, "Mhla nithe nadla kuwo, loo mini niyakufa." Ke, wayenzela ntoni loo nto? Wayefuna indlela eyeyakhe. Kwaye bayakuthini abafazi ukuzicheba iinwele zabo; bayakuthini abafazi ukunxiba ezi mpahla, kwaye iBhayibhile isitsho ukuthi oko koko kanye bangamelwanga kukukwenza? Kwaye into abayenzayo, bagwetyiwe bonke. Ngokuchanekileyo. Kodwa kutheni esenza loo ntonje? Unesipho esisesakhe. Ewe, mhlekazi. Uyakuthabatha indlela eyeyakhe. Kwaye ibandla alinanto liyithethayo ngaloo nto. Kwaye ibandla belimelwe ukuba linguMtshakazi kaYesu Kristu, lize lingabi nanto liyithethayo ngaloo nto?

149 Xelela abemnye kubo ngaloo nto, uyazi into abanokuyithetha? Ekuthetheni ngolo hlobo, "Akukho Bhayibhile indala iyakundivalela ekuzonwabiseni." Ngoku ngokuchanekileyo nje. Baxelele ukuba ibhalwe eBhayibhileni. Owu, basenokungawathethi loo mazwi, kodwa yiloo nto ababonakalalisa yona.

Wakhe waliva iqhalo lakudala, "Imisebenzi ikhwaza ukudlula amazwi"? Ke, ngoko, benza njalo? Nemisebenzi ithetha ngokukhwaza kunamazwi. Akunamsebenzi nokuba kutheni na, u—ubomi bakho buthetha ngokukhwaza kangangokuba bangabi nakukuva ukungqina kwakho. Njengokuba benditshilo kusasanje, xhuma nje ngokuphakama kangangoko uphila ngako. 'Yabona? Imisebenzi yakho ithetha ngokukhwaza kunamazwi akho. Kwaye usengaphuma nje uyithethe loo nto, ngokuba amazwi buqu ayethetha. A—Amazwi akho, akunamsebenzi nokuba ayintoni na, imisebenzi yakho iyaxela ukuba—ukuba uyintoni na.

Ukuba uthetha nantoni na eyahlukileyo kunokuba unjalo, loo nto iba bubuhanahanisi. UYesu wathi, “Bahanahanisindi! Ningathini ukuthetha izinto ezilungileyo, ekubeni kuthethwa okuphuma entliziyweni, umlomo uthetha oko kuphuma entliziyweni?” ’Yabona, babethetha into ethile ababenganyanisekanga ngayo.

Nabafazi ngokunjalo, bayayithetha, owu, bethu, “Ndiyakuzonwabela.”

150 Kwenzeka ntoni? Ngaphandle komtshato . . . Nantsi enye indawo eBhayibhileni. Ngaphandle komtshato siyesuka isifungo, “thobela.” Ndithobele? “Umgcini wekhaya, elungile, enemisebenzi emihle.”

Ukuhleka ebusweni ahambe aye kwi-powder blood, kwi-ofisi yomntu othile. “Umyeni wam . . .” Ewe. Owu, ndiyayithandabuza loo nto.

Niyayibona imikhosi namhlanje, elinjani ihlazo, bafaka abafazi kwimikhosi yamapolisa. Ukuba . . .?. . . ayilophawu lo—lokuhla kwesidima phakathi kwaso nasiphi na isixeko! Njengokuba amadoda engafumani msebenzi, kwaye bafake abafazi phaya, ngeli thuba iBhayibhile yathi yena umelwe “ukuhlala ekhaya abe ngumgcini osulungekileyo wekhaya.” Kodwa ugcina zonke iincwadi zomqeshi, nezakho, ngokunjalo. Ewe. Injalo loo nto.

Andithethi ngabafazi abalungileyo ngoku. Andikujuli kuni bafazi abangabafazi abanobuthixo ngenene. UThixo anisikelele. Loo nto isekhasethini, okanye naphi na apho kuyakubakhona.

Kodwa ndithetha ngaba apho ufumanisa kukho ololo hlobo, ufumana amakhulu alishumi elinesihlanu belolunye uhlobo. Abasayi kuliphulaphula iLizwi. “Yigcine loo Bhayibhile yakho! Zishumayeze ngaYo. Asifuni kuYiva.” Ndithobele? Owu!

151 Usenokuthi, “Loo mabali akho eBhayibhile wabalisele omnye umntu. Mgcinele omnye uMntu noThixo wakho, undiyeke. Yintoni le ukhonya ngayo? Andikhange ndikucele ukuba uzithethe ezi zinto.” Ndiyazi, kodwa uThixo wayenza loo nto. ’Yabona? Ngoko ngokuphelele apho.

152 Ngoko basayingcolisa indlela. Kanye njengokuba benzayo ngemihla yeNkosi, kanye njengokuba benzayo ngaloo mhla, benza loo nto namhlanje, isekwayinto enye. Ayikatshintshi. Ayitshintshi. Ayiyikutshintsha.

153 Ubutsotsi buyabafumana abantwana bakhe. Ijele ifumana inxalenye yabafazi namadoda, kwaye isihogo sithatha yonke loo nto, injalo kanye loo nto, ukuze ekugqibeleni sibaginye baphele. Kwaye intshumayelo ikhangeleka ngokungathi ibhabha ngaphaya kwemiqolo yabo. Abaze baYiphulaphule.

Bazakuba neyeyabo. Ungabaxelela ukuba iBhayibhile ithetha *Oku*. Bathi, "Yigcine iBhayibhile yakho. Sizakuzonwabisa thina."

154 Ingathi ndiyabeva abanye benu boodade besithi ngoku, mhlawumbi abangekhoyo ngoku, kodwa ndikuva usithi, "ubani, mna ndithobele umyeni wam? Hee! Ndimenza yena andithobele." Kodwa nako apho wenza into engalunganga khona. "Hlala ekhaya, usulungeke? Andikhathali nokuba iBhayibhile ithini na ngaloo nto, ndiyeke!" Phulaphula, dade, yayingekho loo nto, kudala kwiZigaba zoBumnyama zexesha, liZwi lanamhlanje. Loo nto ayizange yenzeke kangaka kwihlabathi langaphambili koonogumbe, iyenzeka nanamhlanje. Isekwayinto enye.

155 Kwakhona bathi, "Ndingumfazi wangoku. Ndihlala eMelika." Kulungile, oko akukho ngaphezu kokuba ube uhlala kwihoko yehagu. Ayinakwenza nomncinci umahluko loo nto kuThixo ukuba uhlala phi na. Uyiloo nto uyiyo entliziyweni yakho. Injalo loo nto. Kwaye musa ukucinga, dade, ukuba ungowelixesha kangako, kangangokuba ungomnye waba bafazi bangoku, njengokuba ufuna ukutsho namhlanje. Usuka kude lee, ngokwale Bhayibhile, kwiZigaba zoBumnyama, kwixa langaphambi konogumbe. Ngexesha likaNowa, kulapho abathi benza kwaloo nto inye. Ngoko ke awungowangoku kakhulu, ngaphezu koko, ungowangoku? 'Yabona? Yindlela ababesenza ngayo kwihlabathi langaphambi konogumbe. 'Yabona? Kwaye yiloo ndlela abenza ngayo namhlanje, ngoko umelwe ukuba kube sisigaba sobumnyama kwakhona, sibuyele emva kubumnyama obukhulu obuphaya phesheya.

156 Nani madoda niyeka abafazi benu benze loo nto, anisengabo oonyana bakaThixo. Hayi, nibe buwela eSodom, injalo loo nto, nivumela abafazi banilawule benijikelezisa. Owu, bethu!

Andazi nokuba ndiyithethe na le nto okanye hayi. Kungcono ndiyidlule le ndawo. Kodwa . . . Kulungile. Yinto eyoyikekayo le.

157 Kodwa kuso sonke isigaba si..?. . . Niyasibona isibane esibomvu sikhanya, sidanyaza? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.]

> Ixilongo leNkosi Liyakukhala, lingabisabakho ixesha,
> Ukusa kuvele ngoNaphakade, ukuKhanya kuhle;
> Baze abanyulwa baKhe bahlanganisane (bephuma eluthulini lomhlaba) baye kwiKhaya labo ngaphaya kwesibhakabhaka.

Owu, iyakuba yimini enjani leyo! Kulungile. Owu, ewe!

158 Kubuyelwe eSodom? Ungakhathazeki, kukho i-A yesiqhushumbisi elindele ukuyitshayela loo nto, kunjalo, itshayele icoce ihlabathi lonke. Iyakuyenza loo nto. Lize ke lihlaziyeke kwakhona lonke, njengokuba sabonayo kwiTywina leSithandathu, lilungiselelwa iqela labantu abahlanguliweyo abayamkeleyo iNkosi uYesu, abathe bangaMakristu, abakuncamileyo oko bakukhathaleleyo neefashoni zabo zeli hlabathi, baze beza kuYesu Kristu, bekhangele kuYe yedwa; ekuthobekeni kwaKhe kwenkqubo elula, ukuza ukholwe kuYe, uze wamkele uBomi obunguNaphakade. Ukuba uthi unoBomi obunguNaphakade, uze ungavumelani nale Bhayibhile, ubomi bakho baphakade asisiboBomi baPhakade aphisa ngabo uThixo. Ulahlekisiwe, ngokufa, ingebobo Bomi. Kunjalo.

159 Ngoku, owu, "Yoyikani uThixo nigcine iLizwi laKhe, ngokuba lo ngumthetho ozeleyo." Izibane ezibomvu ziyadanyaza, kwaye ixesha likufuphi. Njengokuba kwakunjalo ngemihla kaNowa, 'yabona, bathabatha into esesikweni bayigqwetha. Bathabatha ukudla, bathabatha ukusela, bamisa izakhiwo, bazibeka zonke ezinye ezi zinto bazigqwetha. Ngoku, uYesu ulindele ukuba silakhe ikhaya, 'yabona; kodwa khangela ukuba kwenzeke ntoni na kuloo nto. Ukudla, Yena ulindele ukuba sidle, injalo loo nto; khangela ukuba kwenzeke ntoni na kuloo nto. Ukusela, silindele ukuba siwasele amanzi ethu nantoni na esiyenzayo; kodwa, endaweni yaloo nto, abathabathele kwiziselo notywala, nayo yonke into, ne-cocktails, bengenisa abafazi babo phakathi. 'Yabona?

160 Ndinike ngokwanda koluntu, njengokuba kwakunjalo ngemihla kaNowa? Nithini ngobuhle bomfazi obandayo ngokuthe gqolo, ngaphezulu nangaphezulu? 'Yabona? Isibane esibomvu!

Nithini ngexesha apho abafazi bayakuthi beze, xa beyakuthi babe ngaloo ndlela babeyiyo, "abaphezulu, abaziphakamisileyo," nayo yonke into, ungenakubaxelela nto? Ushumayele iLizwi kubo, bayakuqhubela phambili bayokwenza loo nto nakanjani. 'Yabona?

Kuyakwenzeka ntoni? Kanye njengokuba kwakunjalo ngemihla kaNowa. Ngenye imini, ucango lwenceba luyakuvalwa. Ngoko iSibhalo sithi, "isibingelelo siyakuba nkungu," loo nto ithetha ukuthi uMcamagusheli umkile kuso. Kwaye okoko nje iMvana isephaya emva. . . Njengokuba benditshilo kusasanje, okanye kwindawo ethile ndishumayela, ukuba, okoko nje iMvana isephaya ukuze yenze ukucamagushela, isekho inceba. Kodwa sinasiqiniseko sini, xa sibona uloliwe sele esemgceni, xa sibona uKuza kweNkosi, isibane esidanyazayo?

161 Indlela endinokuthi ndithethe ngayo ngezinto ezininzi ezahlukeneyo njengokuba sisazi ukuba Wathembisa ukuba

uyakwenza apha ngemihla yokugqibela, kwaye siyayibona loo nto kanye phambi kwabo. Ukuze ke sibone ngokuhlwanje le ngongoma, nesinye isibane esibomvu esidanyazayo, sokwenza kusiyiwa phambili phakathi kwabafazi bakuthi, nezinto indlela ezenzeka ngayo. Siyabona ukuba iyakhomba, sonke—sonke isibonda sesikhombisi-ndlela, yonke into, yonke inaliti, yonke ikhampasi, ijoliswe ngqo eKuzeni kwaKhe. Sisekupheleni. Akukho nto yimbi ndiyaziyo imele ukwenzeka koko kuKuza kweNkosi.

162 Ukuze ke, mhlobo wam olungileyo ongaphandle kuKristu, ucinga ntoni ngalento? Ingaba uphumle... Ngokunyanisekileyo, mhlobo, ndifuna ukukubuza umbuzo olula. Ingaba uphumule nje phezu kokuziva okuthile okuncinane owathi wanako, okanye okuthile, mhlawumbi, into ethile owathi wanayo? Mhlawumbi waziva wonwabile ngaxesha lithile waxhentsa kuyo yonke indawo, njengokuba abaninzi babantu bobungcwele nabakwaMoya besiza, namaNazarene, namaPilgrim Holiness. Bakholwa ukuba ukuba bathe bonwaba kakhulu ngokude baxhentse, nguWo lowo. Uze uchebe iinwele zakho, unxibe ibhulukhwe emfutshane? Ingaba uMoya oyiNgcwele nguwo owenza ukuba wenze loo nto, ngeli thuba Ayigxekayo loo nto eBhayibhileni?

163 Kuthiweni ngawe wena uthi, "Kulungile, ndingowebandla. NdingowakwaMoya. NdingumWisile, okanye nantoni na endiyiyo. Ndililungu! Umama wam ulilungu elizeleyo lenkonzo. Ndaba lilungu elizeleyo lenkonzo"? Kwaye loo moya ukwenza ukuba wenze izinto ezigxekayo le Bhayibhile ukuba uzenze. [UMzalwana unkqonkqoza epulpitini—Mhl.] 'Yabona?

Uthi, "Ndathetha ngeelwimi Mzalwana Branham. Ngoku, awubambeleli kuloo nto. Ndathetha ngeelwimi, kwaye nabo ubungqina bukaMoya oyiNgcwele." Ingaba ubomi bakho... Ukuba usenokucheba iinwele, ukuba usenokwenza ezi zinto iBhayibhile yalayo ukuba uzenze; ungathetha ngeelwimi yonke imini nobusuku, kwaye loo nto ayikabi yonto yakwenza noThixo. Umthi waziwa ngeziqhamo zawo.

164 Ndiyaluphala. Ndiyayazi loo nto. Suku ngalunye ndifumana ukuqaqanjelwa nokuhlungu. Sonke ngabanye iyenzeka loo nto kuthi. Usenokuxela inyaniso nje. Ndacinga, "Thixo ungandiyekeli..."

Enye yezona zinto zilusizi kakhulu, kukubona indoda okanye umfazi ongazange amamkele uKristu, ephila nje njengelungu elingungantweni elidala lebandla, ekhohlakele kunoSathana ngokwakhe, ndize ndimbone phaya phandle, nogcwabevu lwento, "Kulungile, ndiyakuxelela, andikholelwa kwi..." UThixo akazange...Loo nto i—loo nto i...Yeyona nto yakhe yambi yesithsaba sikaSathana anokuthwesa ubomi ngaso leyo. Ixhegokazi elinomsindo, elimalunga namashumi

amathandathu okanye amashumi asixhenxe eminyaka, linamanqatha ajinga ezingalweni zalo, nemibimbi ebusweni balo bonke, iinwele zalo zinqothulwe, ziyimibala emine okanye emihlanu eyahlukileyo, linyalasa ngeshotwana encinane; ukuba eso asithsaba sikaSathana, andizange ndisibone, okanye ixhego elithile eligobileyo.

165 Owu Thixo, ndiyazi ukuba ndi . . . Ndiphe ubabalo ndize ndingakhalazi. Kwaye ndifuna ukuba ubomi bam, Nkosi, ndifuna ubomi babantu bakuthi . . . Thixo, ndiphe ukuba ubomi bethu bube nokuthweswa isithsaba, akunamsebenzi nokuba siyahlupheka na, nantoni na eyenzekayo, bangaphi na abachasene nam.

Ndifuna le nto inye ebomini bam, njengokuba ndisiya ndiba mdala, sihlobo sam, umsinga emva kwam, uyakutsha ngokukhawuleza, uye ucuthana ngokucuthana, njengokuba ndisihla ngendlela. Kwaye ndazi into enye, kuyakufikelela ekubeni emva komzuzwana kungabikho mntu uyakuza kum athi . . . acele icebiso. Abo bandaziyo ngemihla yobutsha bayakube bemkile, ukuba ndiyakuphila. Abahlobo bam bayakuba mbalwa ngokuba mbalwa, njengokuba ndisiba mdala nje ngoku.

166 Kwaye ndiyazi ukuba ngamini ithile ndimelwe kukufa. Ndiyathemba ukuba uThixo akayi kumvumela uSathana andithwese isithsaba njengonomsindo wakudala, indoda enokungakhathali, nenkosikazi yam njengomfazi omdala ohluphayo, okanye inkosikazi yakho, okanye wena ube lelohlobo. Ndiyathandaza, mzalwana, ukuba ubomi bethu buthweswe ngeziqhamo zoMoya; uthando, uvuyo, ukuzeka kade umsindo, ukulunga, ukunyamezela, iNyaniso, ukukholwa, uMoya oyiNgcwele.

167 Ubomibam buyancipha buyaphela. Malunga namashumi amane anesihlanu eminyaka eyadlulayo ndandimi epulpitini apha, ndiyinkwenkwe encinane. Ngokuhlwanje ndimdala, ndingwevu ngeenwele, ndinempandla kananjalo, amagxa ayagoba; ndaphukile ndaphela. Ubomi bam buyaphela, kwaye iintambo ziyavikiveka endihamba phezu kwazo. Njengokuba ndisihla ngomsinga, abahlobo bam baya besiba mbalwa. Kwaye emva komzuzwana kuyakufikelela kwindawo, mhlawumbi, endi—endingasayi kuvuyela maculo njengokuba ndandikade ndiwavuyela; kwaye mhlawumbi abazukulwana bam, abantwana bayakufuneka bathi, "Musani ukumphatshuzelisa utat'omkhulu." Kusenokufika kuloo nto ukuba ndithe ndaphila.

168 Ngoko ndiyakuhla ndide ndingakwazi ukuphakama esitulweni sam. Ukuze ngenye intsasa inkungu ingene egumbini, ndiyakushukuma ndiwele umda, ndiye ekufeni,

ukufa kuzokundilanda. Angandithatha kuphela ngesandla andikhokelele ngaphesheya kwiNkosi yam. Akangomqhubi wam wobukhoboka. Andilokhoboka lakhe. Yena ulikhoboka lam. UKristu wandoyisela ukufa. Kwaye inye into okunonokuyenza, kukuba kunditsalele Phambi koMenzi wam, "Xa lo mnquba wasemhlabeni uthe wachithwa."

169 Umzuzu xa umama elungiselela ukufumana usana, ndiyaqaphela, andikhathali nokuba ubekhohlakele kangakanani na, engombi kangakanani na. Uyazi, umzuzu phambi kokuba luzalwe olo sana, unina uba ngonobubele. Kutheni kunjalo nje? Xa ezo zihlunu zincinane esizalweni zidikizela zixhuma ngolo hlobo, kukho umzimba wasezulwini olulindeleyo. Kwaye lwakufika kumama, ugqirha okanye umbelekisi, nokuba ngubani na umelwe kukulithatha alushukumise, aluchwakraze, alushukumise, okanye into enjalo, ukuze ke lubambe umphefumlo wobomi. Ukuze umoya omncinane ofana nowengelosi ungene kulo, impefumlo yobomi, luze lube ngumphefumlo ophilileyo. Kwaye xa sinoKristu entliziyweni yethu, aze uKristu abe yinene entliziyweni yethu, lusana oluncinane. "Ukuba lo mnquba wasemhlabeni uthe wachithwa . . . "

170 UYesu watsho, kuYohane 14. Xa sivala, ndizakuthetha oku. Wathi, "Intliziyo yenu mayingakhathazeki; ukuba niyakholwa kuThixo, kholwani nakuM. Kuba, eBukumkanini bukaBawo waM mininzi iminquba. Ndiyakuya kunilungiselela indawo." Xa lo mnquba wasemhlabeni uchithwa, sinawo omnye. "Ndiyakunilungiselela indawo, ukuze apho ndikhona Mna, nibe khona nani." Abafuna ukuba kunye naYe.

171 Ngoko ndiyazi, njengokuba lo mntwana elila, ngenxa yokuba uzalo olutsha lwenzekile; xa bonke obunye ubomi busaphuka, bonke ubomi obunokonakala nayo yonke enye into imkile, ngoko kuyakuthabatha into ethile ukundishukumisa, kwaye kuthabatha ukufa. Ukufa kukunika ukukushukumisa, xa kukufikele, kodwa kukuzalela kuphela kwakhona uBukumkani obutsha, ngaphesheya kwelinye icala apho kungekho kugula, ntsizi, kuguga, okanye nantoni na. UThixo asincede.

172 Kunjani, sihlobo, ungayala into elolo hlobo, ubona nje ukuba akukho mathemba ehlabathini, ngaphandle koYesu Kristu? Izibane ezibomvu ziyadanyaza.

> Izizwe ziyaphuka, uSirayeli uyavuka,
> Imiqondiso eyaxelwa kwangaphambili yiBhayibhile; (abafazi abacheba iinwele zabo, benxiba ibhulukhwe ezimfutshane; isibane eikhanya 'yabona)
> Iintsuku zeentlanga zibaliwe, zizele ziintsizi;
> "Buyani, Okanye nimke gxebe, kukuni."

Usuka lokuhlangulwa lusondele,
Iintliziyo zabantu zihamba ngokoyika;
Zaliswani nguMoya, izibane zenu zilungisiwe zikhanya,
Khangelani phezulu, usuku lokuhlangulwa kwenu lusondele!

173 NdiyaMthanda. Ndifuna ukuba nawe uMthande. Njengokuba sisathoba iintloko zethu okomzuzwana nje, sifumane umthandazo, ekuvaleni. Izibane ezibomvu ziyadanyaza. Isiboniso sivelile. UkuBuya kweNkosi kusondele. Uthetha nesizwe. Uthetha nabantu. Uthetha ngemiqondiso nezimanga. Njengokuba sithabathe iSodom sabonisa indlela eyathi ngayo iNgelosi yeza ku-Abraham, imiqondiso Awayenzayo kanye phambi kokuwa komlilo, siyayibona loo nto.

174 Wathi, "Njengokuba kwakunjalo ngemihla kaLothe, babesakha babethengisa." Khangela kuloo nto namhlanje. "Njengokuba kwakunjalo ngemihla kaNowa," abafazi besibabahle, oonyana bakaThixo besiwa, inyama yabantu inqulwa ikwimo yabafazi, nazo zonke izinto ezenzekayo, esithe sathetha ngazo ngokuhlwanje. Isibane sidanyaza, ukubuya kweNkosi kusondele. Ingaba uselilungu lenkonzo?

Uqinisekile, mhlobo wam? Wazi njani ukuba uyakuphila budlule obu busuku? Khangela kuMzalwana Way omi apha kusasanje, emzuzwini, ejika nje ukuba abambe isandla kumntu othile, wawa wafa kanye esahamba. UThixo usenokungabi nanceba injalo kuwe ngokuthi akunike elinye ithuba. Awazi ukuba nguwuphi na umzuzu eyakuthi loo ntliziyo ibethe ukugqibela ngawe. Yicinge loo nto.

175 UKuza kukaKristu kudanyazisa imiqondiso yako. Yikhangele. Ubone oko ndikuxelele ngokuhlwanje... Isenokuba yinto engadumanga kakhulu, kodwa iyiNyaniso. Yiloo nto wayithethayo uThixo, kwaye yiyo leyo.

176 Abafazi abafuni kuhlala ekhaya. Abafuni kukhathalela iintsapho zabo. Baqasha nje impelesi baye kwipati umgidi othile. Ubutsotsi, nayo yonke into isenzeka; banqothule iinwele zabo, benxiba iibhulukhwe ezimfutshane, bafake i-make-up. Ukwanda kusiwa kubabahle ngokubabahle. Amadoda, oonyana bakaThixo, bayawa. Ngumgibe kaSathana uze ubambise, oonyana bakaThixo ukuze bawele kuloo nto. Kanye njengokuba uYesu watshoyo, oko kumelwe kukwenzeka. Bathi kuyakubakho, kwaye naku ke. Wathi, "Xa ezi zinto zisenzeka, esi sizukulwana asisayi kudlula," kwaye kwakumalunga namashumi amane eminyaka, "zide zonke ezi zinto zizaliseke." Yicinge loo nto.

177 Nisengawo amalungu ebandla nje? Ingaba nenze okuphosakeleyo? Khangelani ubomi benu nibuhlole kwakhona,

ngokuhlwanje, madoda, bafazi. Zikhangele, khangela iziphoso ezizezakho. Yintoni, kule mo ukuyo ngoku, ukuba uKristu ebesemhlabeni eshumayela le nto? Uthi, "Ukuba—Ukuba Ebeyakwenza njalo, ukuba ndandinokuMva eshumayela loo nto, nge—ngendaguqukayo." Ukuba ngewenza njalo, Eli liLizwi ElilelaKhe ngokuhlwanje, uyakuyenza loo nto ngoku. Ukuba awunaThixo, ube usazi . . .

178 "Owu," utsho, "ndinenkonzo. Ndathetha ngeelwimi. A—Andi . . . " Ngoku sikubekela bucala oko. Khangela kwisiqu sakho, hlola ubomi bakho ngoku ngeLizwi likaThixo. Ingaba unguloo mntu uyakuhamba athi, "Andikhathali ukuba ithini na iBhayibhile. Mzalwana Branham, ndicinga ukuba uyiphosile"? Asindim lo uyiphosileyo. Ukuba kukho okuthile okuphosakeleyo kuloo nto, LiLizwi.

Kwaye awukamazi uThixo, ube ungaqinisekanga ukuba uYesu angafika ngale yure ukuba uyakube ukulungele na ukuhamba. Kungani ukuba ufekethe, ngoku ukubonayo ukufa kusondele kangaka, xa isiphelo sikufutshane olo hlobo?

179 Ukuba kukho abathile, iintloko zenu zithotyiwe ngoku, abanokufuna ukukhunjulwa emthandazweni njengokuba sivala, ungasiphakamisa nje isandla sakho uthi, "Mzalwana, ndithandazele." UThixo akusikelele, dade. UThixo akusikelele, mzalwana, dade. Owu, kuso sonke isakhiwo.

180 Nantso ke, masithathe nje uhambo lokuhlola oluncinane ngoku. Nina boodade ngoku ngako konke ukuthembeka nethemba, yicingeni nje lento. "Ingaba ndimthobele ngenene uThixo? Ngenene, usentweni umnqweno wam? Mzalwana Branham, ndi—ndi—ndi—ndisazenza ezi zinto. Ndi—Ndiziva ndonwabile. Ndiva ukonwaba."

Ubusazi ukuba abahedeni baziva bonwabe ngolo hlobo nabo? Uyazi, indoda enxilayo yonwabe ngokunjalo, iphantsi kotywala, njengokuba kunjalo kuwe, impembelelo yotywala? Kwaye ukuba wonwabile phantsi kwayo nantoni na echasene neLizwi likaThixo, ingumtyholi. Ukuba uthi, "Ndaneliseka libandla lam," uze uve iLizwi likaThixo lishunyayelwa, uze ungangqinelani naLo, uphefumlelwe yinto engalunganga, akunamsebenzi nokuba yintoni na impefumlelo yakho. Ndicinga ndakhe ndababona bekhala, bexhuma bekhwaza, na— nayo yonke into, baze basele igazi ngekhakhayi lomntu, babize kumtyholi, injalo loo nto, bonwabe kangangoko unokuziva wonwabilee. Ubuhedeni buvelisa obungako ubuchule bengqondo njengayo nantoni na eyenye, ubuchwepheshe bengqondo. Kodwa amava kaKristu ngawentliziyo, atshintsha yonke indlela owenziwe ngayo, amtshintsha umntu abe sisidalwa esitsha. Yicinge nje, kakhulu ngenene.

181 Zikhangele. Qikelela nje ukuba bekukho isipili phambi kwakho, ubuyakuzijonga. “Ingaba ndithembekile? Ingaba ndinyanisekile? Ingaba ngenene, entliziyweni yam, ndiyayikhonza iNkosi?”

182 Uthi, “NdiyaYikhonza”? Kwaye uze ukhangele apho, nina bafazi banqothula iinwele, ninxibe iibhulukhwe ezimfutshane. Khangelani kuni bazenzayo ezo zinto. Khangelani kuni madoda avumela abafazi benu benze izinto ezinjalo; uthi, “Ingaba ndingunyana kaThixo? Ingaba ndingumSodom?” Nina bafazi yithini, “Ingaba ngenene ndingumfazi wangoku, okanye ndingothile wento yangaphambi konogumbe awathi uYesu iyakulapha ngemihla yokugqibela kwakhona?” Yicinge uyiphinde. Zikhangele.

183 ’Yabona, isiqu ngokwasosakho sibonakalisa into oyiyo. Kwaye ukuba awulunganga, ingaba uyakuthembeka ngokwaneleyo ngokokude u. . . Thembeka ngoku, phakamisa isandla sakho, uthi, “Kristu, andisiphakamiseli kuMzalwana uBranham isandla sam okanye nakuye nawuphi na omnye umntu koko kukuWe, kodwa ndonile. Ndixolele. UMzalwana uBranham uthembise ukundithandazela, ngoku ndizakusiphakamisa isandla sam, ndithi, “Yesu, yiba nenceba kum ngokuhlwanje. Ndisindise ngenxa kaKristu. Andifuni kulahleka. Bonke obu bomi Undinike bona, bekuyakuba yeyonanto yoyikekayo ngokuba ndi—ndingabulahla nje kude, xa ndinelithuba libalulekileyo ngokuhlwanje ukuze ndibone ngenene ngawam amehlo ukuba izibane ezibomvu ziyadanyaza macala onke; ukuBuya kweNkosi, idinga lokuba Uyakuyibonisa le miqondiso, nokuba Uyakuphilisa abagulayo, Uyakuvusa abafileyo, Uyakukhupha iidemoni, kuyakubakho iqela—iqela, abantu nje abambalwa, abangabambalwa eliyakuthi ihlabathi lihlekise ngabo, libabize ngamagama amabi, njalo njalo, ngolo hlobo.’”

184 Kwaye bamele basibize ngamagama amabi. Bayibize ngamagama amabi iNyaniso. UYesu wathi, “Nawuphi na othethe igama lokunyelisa uNyana womntu, uyakukuxolelwa oko, xa Wayesenza le nto inye niyibone isenziwa.” Wathi, “Kodwa lowo uyakuthetha into ngokuchasene noMoya oyiNgcwele, xa Uthe weza ukuza kwenza kwale nto inye, akasayi kuze axolelwe kweli phakade.” ’Yabona, bamelwe kukuyenza loo nto. Kumelwe ukuba kubekho uMyalezo ofana nalowo, wenzela ukuba abantu bahlekise ngaWo, ukubonisa ubulungisa bukaThixo uze ugwebe ihlabathi liphela ulitshabalalise.

185 Ngeli thuba kusekho inceba kukho umntu othile omi ethubeni, uYesu Kristu, nomnyango ovulekileyo ngokuhlwanje, awungeMamkeli, sihlobo sam?

186 Ngoku, ngokwesiko, kuziwa esiguqweni. Ilungile loo nto. Andinanto ichasene nayo. Kodwa iSibhalo, Sithe, “Abo

bakholiweyo babhaptizwa." Ngokuvela entliziyweni yakho, ukuba uyabunikezela ubomi bakho kuYesu Kristu kanye kuloo ndawo uhleli kuyo, kanye apho Athethe nawe khona ngoku phakamisa isandla sakho!

187 Loo Thixo mnye uyenokubiza laa ndoda ibuyele ebomini, ilele ifile ilapha phambi kwam kusasanje, bubungqina kuni ukuba ndinixelela iNyaniso. Ngubani onokuvusa ofileyo ingengoThixo? Injalo loo nto. Ngoko asingo—ngomfundisi wenu omncinane owaphukileyo lo, nguKristu lowo unithandayo. Kwaye Yena uyaziqondakalisa kuni ngokuhlwanje, "Niyivile iNyaniso. Niyibonile iNyaniso. Isuka eLizwini laM. Nilibonile iLizwi laM libizela ukuba kubuywe. Niyalibona iLizwi laM lizixela kwangaphambili ezi zinto. Niyazibona zisenzeka kanye ngokuchanekileyo kuyo yonke le minyaka, ngaphandle kwako nokunye ukusilela."

188 Ngoku niyakwenza ntoni ngoYesu, ngeli thuba isibane esibomvu sidanyazayo? Kungani ukuba ningakwenzi nje oku, yilahlele phantsi loo ngxowa indala yamandongomane eli hlabathi! Kutheni ungalahleli phandle nje loo lindi-xesha mdala we*True Story*, naloo nto indala—indala yenkunkuma utsalela umphefumlo kuyo yonke imihla! Kutheni ukuba ungamjuli ekoneni umabonwakude wakho umjike ukuba ukubambezela ungayi enkonzweni! Kutheni ukuba ungabekeli bucala wonke umthwalo osindayo okurhawula ngokusisisulu! Kutheni ungaphakamiseli intliziyo yakho kuKristu nje, uthi, "Kristu ngokuhlwanje ndigqibile. Ndiyazilungiselela. Ndiyabona ukuba Uyeza. Ndithabatha ityesi, iBhayibhile kaThixo, ezele buBomi obunguNaphakade, kwaye, ukusukela ngoku ukuya phambili, ndiyakuphila ngaleNto!" Awunakuyenza loo nto, ngeli thuba sithandazayo?

189 Bawo wethu oseZulwini, andizimisele kuba krwada, nangaluphi na uhlobo, Nkosi. Kodwa uMyalezo ukhombe kwixesha, hayi kubantu abathile njengeziqu, hayi kumntu othile okhethekileyo, kodwa ukhombe kwixesha. Lixesha lokuba uMoya oyiNgcwele abonakale endinyanzela ukuba ndikushicilele oku. Njengokuba emva kwamaninzi, amaxesha amaninzi kule pulpiti, ezithe sabonisa ngawo imihla kaLothe, imihla yeSodom, imihla awathi uYesu wathetha ngayo, imiqondiso yexesha, ukuza kweNkosi, ngendlela ezininzi. Kwaze kwathi emva kwako konke endikuthethe kalukhuni ngolo hlobo ngokuchasene nabafazi baloo mhla elizweni lonke, ngoko, Bawo, ndicinge ukuba iyakuba nguMoya oyiNgcwele othetha nam ukuze ndibaxelele abantu ukuba ndiyenzele ntoni na lento. Kungokuba iLizwi laKho eliphefumlelweyo lindichukumisile entliziyweni, ndade andabi nakukwazi ukuthula.

190 Zisondele kumashumi amahlanu okanye amashumi asixhenxe izandla eziphakamileyo kwesi sakhiwo, Bawo, ngelibukhali, elisikayo iLizwi leNkosi. Kodwa Likothusile, uze

wazi ukuba ikhwelo likhalisiwe; abangcwele bonke bayahlanganisana; izizwe zikrazuka zibe ziziqwenga; imiqondiso yokuBuya; izibane ezibomvu ziyadanyaza. Kwaye siyabona, ngezenzo, ezikhombise kubafazi bakuthi ngokuhlwanje kwalo mhla, ukuba yindlela eyathi iBhayibhile bayakuba yiyo, yaye ngabo abo.

191 IZwi elingenakuwa likaYesu Kristu lasiyala ukuba sikhangele imihla kaNowa, size siyithelekise nalo mhla siphila kuwo. Ukuze sakube sizibona ezo zinto zisenzeka, abafazi besibabahle, noonyana bakaThixo bebathabatha, nendlela izinto eziyakuba yiyo, ngoko siyakwazi ukuba eso sizukulwana siyakubona ukuBuya kweNkosi. Ngoko, siyazi ukuba isibane esidanyazayo, ukuza kwaKhe kusondele.

192 Ndiyathandaza, Bawo waseZulwini, ukuba usikelele wonke othe waphakamisa isandla sakhe. Ndi—Ndinikela nje lo uzithobileyo, umthandazo onyanisekileyo, kwaye ndiyazi ukuba Uyakundiva. Ube nobubele kaqulu kuMzalwana Way kusasanje, ukwenza ukuba umthandazo omncinane othobekileyo uyiqalise laa ntliziyo ibethe kwakhona, uthando olunyanisekileyo kumzalwana oye wawa kwithanga lenkosikazi yakhe, ebanda ekwimeko yokufa. Nkosi, mabazi abantu ngokuhlwanje ukuba ukufa esonweni nakwizigqitho kukokona kunengozi kunokufa kwasenyameni; ngokuba akukho mntu wokukubamba ngelo xesha, ukuba udlulele ngapha kwekuselo, usesonweni nakwizigqitho.

Siphe ngokuhlwanje, Nkosi, ukuba, wonke umphefumlo ophakamise izandla zawo; ndinikela ngalo mthandazo eGameni leNkosi uYesu; ukuba kubekho okunjalo ukuzanyazanyiswa okuyakufika ebomini babo, ngokokude kubekho enjalo injongo entliziyweni yabo, ukuze ngaloo njongo esentliziyweni yabo bangabi sona kwakhona kuThixo; ukuze babe nokuma, ukusukela ngale yure ukuya phambili, kwelikaThixo elingunaphakade, iLizwi eliyintsikelelo ukuba ze bondliwe nguMoya oyiNgcwele wakhe, bakhokelelwe kwiindlela zoBomi, umhla nomhla, njengokuba behamba besiya phambili ukusukela kule yure, ukusuka ngoku.

193 Ngoku, Bawo waseZulwini, ndisenokungababoni kwakhona, ndisenokungaphindi ndibe nako ukubambana nabo isandla senyama apha kulo mhlaba, nangona ndingathanda ukuyenza loo nto. Kodwa, Nkosi, Thixo, ndiyathandaza ukuba lo mthandazo ube nokuphendulwa. Kwaye Wena wathi eLizwini laKho, “Lowo ulivayo iLizwi laKho, aze akholwe kuLowo waNdithumayo, unoBomi obungunaphakade; kwaye akezi eMgwebeni, koko udlule ekufeni wangena eBomini.” Ngendlela yam ethobekileyo yokuzisa iNyaniso kaThixo, ngokuhlwanje, abaninzi balivile iLizwi. Ngoku, Wena wathembisa ukuba Uyakubasindisa, kwaye “abasayi kutshabalala,” kuba, akukho mntu unokubakhupha esandleni

saKho, ngokuba Uyakubavusa ngemihla yokugqibela, akukho nonwele olunye lwentloko yakho olunokutshabalala. Wayithembisa loo nto.

194 Ngoku, njengomthandazo, njengesicaka, Nkosi, nanjengomzalwana—kubo, ndi—ndithandaza lo mthandazo ndibabeka ezandleni zikaThixo, ukuze kungabikho ngozi iyaukuba nako ukuza kubo, aze uSathana angabinakubakhupha esandleni sikaThixo. BangabaKho, kwimbasa. Kwaye ndiyathemba ukuba Uyakubanika ubomi obude, kwaye ukuba kunokwenzeka, mababone uKuza kweNkosi uYesu. Bangangahamba ukusuka apha ngokuhlwanje, babe ngabazuzi bemiphefumlo, ukuze baxelele abanye, ukuze babazise kulwazi olusindisayo lukaKristu. Siphe oko. Konke kusezandleni zaKho, Bawo. EGameni likaYesu Kristu.

195 Kwaye ngeli thuba iintloko zethu zithotyiwe okomzuzwana nje. Ingaba ukho umntu ololo hlobo ngoku, oziva ukuba ngeli thuba besisemthandazweni i—into ethile engaqhelekanga yenzekile entliziyweni yakho, ube uziva ukuba ukusukela ngoku ukuya phambili uyakuhamba uphile ubomi bokuzinikela kuKristu, kwaye uyakubona uKuza kweNKosi kusondele, uyakholwa ukuba oko ndikushumayeleyo bekuyiNyaniso, malunga nesibane esibomvu esidanyazayo, sendlela izinto eziyiyo. Kwaye—kwaye uyaqonda ukuba oko kuliLizwi leNkosi, kuba linguKristu, kwaye uyakholwa, ukusukela ngokuhlwanje ukuya phambili, ukuba uyakuphila ngokungcono, ubomi obusondeleyo kuKristu, ngenxa yomthandazo owuthandazileyo ngokuhlwanje novumo olwenzileyo. Intloko yakho ithotyiwe ke phakamisa nje isandla sakho, uthi, "Ndiyakholwa yiloo nto. Ukusukela ngokuhlwanje ukuya phambili, ndiyakuphila ubomi obahlukileyo." UThixo akusikelele. Ilungile loo nto. Iyamangalisa nje. Ndiyakholwa kukulithetha ngokwethu sisonke, mhlawumbi, abo bebephakamise izandla kulo mzuzu ulungileyo, bebephakamise izandla zabo ngokuba beyamkela.

196 Ngoku ukuba awuzange ubhaptizwe eGameni likaYesu Kristu ukuze uxolelwe izono zakho, khumbula, "Akukho gama limbi phantsi kweZulu elinikiweyo phakathi kwabantu oyakusindiswa ngalo, koko liGama likaYesu Kristu." Khumbula, mnye kuphela uMtshakazi, uMtshakazi kaKristu, kwaye ngulowo uthwele iGama laKhe.

197 Ngoku, kwaye ukuba awuzange ubhaptizwe ngokuntywiliselwa emanzini, eGameni likaYesu Kristu, mandithi njengesicaka saKhe . . . Ukuba uThixo ukuqondakalisile oku kuwe ngemiqondiso nezimanga, nangeLizwi laKhe, ukuba ndixela iNyaniso; ndiyakuyalela njengoko wenzayo uPawulos oNgcwele, kwiZenzo 19,

owafumana iqela lamaBhaptizi. Ayebhaptizwe nguYohane umBhaptizi. Wathi, "Namamkela na uMoya oyiNgcwele nakholwayo nje?"

Bathi, "Asazi . . . nokuba kukho uMoya oyiNgcwele na." Wathi, "Ngoko nabhaptizelwa enini na?"

Bathi, "Sesibhaptiziwe, nguYohane umBhaptizi, phaya phandle eYordane, kwayilaa ndoda yabhaptiza uYesu Kristu."

198 Yayinokuba lubhaptizo olumangalisayo olo, kodwa uPawulos wathi, "Alusalunganga ngoku." Wabayalela ukuba babhaptizwe kwakhona ngokutsha, eGameni likaYesu Kristu, iZenzo 19:5.

Waze uPawulos wathi, "Ukuba iNgelosi iyehla ivela eZulwini ishumayele nayiphi na enye iVangeli ingeyiyo Le ndiyishumayeleyo, mayiqalekiswe," amaGalati 1:8. Waze wayiphinda loo nto kwakhona, wathi, "Njengokuba besenditshilo, ndiyaphinda ndithi, 'Nokuba iNgelosi,'" andithethi ngomfundisi, ubhishophu, iphophu, okanye nantoni ekusenokuba yiyo, "ukuba iNgelosi ihle eZulwini, i—iKerubhi ephuma eMazulwini, yashumayela ezinye iindaba ezilungileyo ezingezizo Ezi, mayiqalekiswe."

Ngoko, ndiyaniyalela, ukuba anizange nibhaptizwe eGameni likaYesu Kristu, ngeli thuba amanzi asequleni, neengubo zilindile, yizani nibhaptizwe, "Nibiza eGameni leNkosi, kwaye niyakwamkela isipho soMoya oyiNgcwele; kuba idinga likuni nakubantwana benu, nakwabo bakude lee, esukuba iNkosi uThixo iyakubabiza."

199 Bawo wethu waseZulwini, ngoku kukuWe. Ukuzama abantu, ndiyazama; kodwa ukwenza abantu, andinako. Kwaye awusebenzi ngaphandle ngaphandle nentando yomntu; ngokuba, ukuba indoda okanye umfazi yamiselwa ngenxa engaphambili kuBomi obunguNaphakade, xa ukuKhanya bukaThixo kudanyaza phezu kwaloo mbewu, iyakuza eBomini. Ukuba kukho uBomi phakathi kwethu ngokuhlwanje, Bawo, othe Wena wadanyizisa ukuKhanya kwaKho phezu kwabo, babe beyibonile iNyaniso, bangangahamba ngokuthobeka nangokuthambileyo ukuya equleni, ukuya kubhaptizwa eGameni loNyana waKho oyintanda, uYesu Kristu.

200 Ntoleyo, saziyo ukuba wonke umntu eSibhalweni ekwafuneka ebhaptiziwe, aze aphindwe ukubhaptizwa. Abo babengabhaptizwanga eGameni likaYesu Kristu, kwafuneka bebhaptiziwe kwakhona. Kwaye umpostile omkhulu, owayenezitshixo zokuya eBukumkanini, wathi ngoMhla wePentekoste, "Guqukani, nonke ngabanye, nibhaptizwe eGameni likaYesu Kristu ukuze nixolelwe izono zenu, ukuze izono zenu zixolelwe, ke ngoko idinga loMoya oyiNgcwele lelenu." Siphe ukuba kwenzeke oko ngokuhlwanje, ngomlinganiselo ozeleyo, Bawo.

201 Ndibanikela kuWe ngoku. “Thabatha la mazwi ambalwa nengcinga yentliziyo yam, kwaye ingangamkeleka ebusweni baKho, Owu Nkosi.” Kwaye bethelela kubantwana baKho ubanike uBomi obunguNaphakade. Sindisa bonke abanokusindiswa, uphilise abo bagulayo. Lwanga ababalo lukaThixo lungaphumla kubo ngabanye, njengokuba sibanikela kuWe ngoku, eGameni likaYesu.

202 Ngoku iintloko zenu zithotyiwe, ndizakucela udade wethu odlala ipiyano ukuba eze apha. Umzuzwana nje, isithuba nje semizuzu emihlanu elandelayo. Kwaye ukuba kukho iminqweno ethile yabafuna ukubhaptizwa ngoku abathe benza isivumo sabo bakholwa. Ukuba uyakholwa ukuba uYesu Kristu unguNyana kaThixo, ube ukholwa yiloo nto ngentliziyo yakho yonke, hayi nje—nje ukuvakalelwa, koko ukholwe yiyo, ube ulungele ukuvuma ukuba wenze ngokuphosakeleyo; kwaye awumanga ngakuzilinganisela kwakho, kodwa umi phezu koko Wakwenzayo; kwaye ulungele ukuhamba uye phambili, ukuya kuthabatha iGama laKhe kubhaptizo lwamanzi, ube lilungu loMzimba ngoMoya oyiNgcwele; ngoko, igumbi labafazi lingasekunene kum, negumbi lamadoda lingasekhohlo kum, nempahla nezinto ezinjalo sezilungile.

203 Ngeli thuba sithobe iintloko zethu, njengokuba udade wethu edlala, “Ndiyamva uMsindisi wam ebiza,” ukuba umntu oculisayo angasinika isingqi s-alo. Iintloko zethu zithotyiwe ngoku, inkonzo isezandleni zikaThixo Onamandla onke ngoku; kuye nabani na onqwenela ukubhaptizwa; onqwenela ukuya kungena kwigumbi lomthandazo ukuze athandazele ubhaptizo loMoya oyiNgcwele, kukho imiyalelo apha eyakube sele ikho yokukuyalela okanye wenze nantoni na. Anga aMazwi akangewi ngelize, anga angazalisekisa oko ajoliswe kuko. Iintloko zethu zithotyiwe, singathandaza ngoku. Kwaye, kwaye apho Akukhokelela khona, landela.

Ndiyamva owam . . . (Ngoku thandaza, wonke umoni.)
Ndiyamva umsindisi waM . . . (UyaMva Ekubiza, xa Evuse indoda ebifile kusasanje?)
Ndiyamva . . . (UbenokuMva ebiza, xa usiva iLizwi lidanyazisa iSibane saLo ngexesha lesiphelo?)
Ndiyakuhamba naYe, naYe . . . (Ingaba ukulungele ukuhamba yonke indlela?)
Apho Yena . . . (UThixo akusikelele, mzalwana wam. Amadoda ngasekunxele. Abafazi ngasekunene.) Ndi . . .
Apho Andikhokelela khona ndiyakumlandela,
Apho Akhokelela . . . (IBhayibhile yathi, “Abo bakholwayo babhaptizwa.”) . . . landela,
Ndiyakuba naYe, naYe yonke indlela.

Ndiyakuhamba naYe egadini,
Ndiyakuhamba naYe egadini,
(UMoya oyiNgcwele . . . ? . .)
Ndiyakuhamba naYe e . . .

Ukuba kukho umntu othile oyakuhamba naba bafazi bangapha, abafuna uMoya oyiNgcwele, ngenani kwigumbi elingasekunene, abanye benu boodade abathunywa yiNkosi.

. . . yonke indlela.

Apho Akhokelela . . .

Ungatsho ngokunyanisekileyo ukuthi, "Apho Andikhokelela khona ndiyakulandela?" Ungayenza loo nto? Uthini ngeZwi elincinane elithetha nawe, uya—uyakuya naYe apho akukhokelela khona? Khangela isibane esibomvu. Uyasibona isibane sidanyaza? Sikwixa lesiphelo.

Apho Andikhokelela khona ndiyakulandela,
Ndiyakuhamba naYe, naYe yonke indlela.

Ndiyamva uMsindisi wam . . .

Uthetha njani Yena? NgeLizwi laKhe, entliziyweni yakho. Ungeza ngoku? Sisimemo esiza kuwe esi. Khumbula, ukuba kwenzeke phambi kokuba sihlangane kwakhona, sowuyaliwe.

. . . mva uMsindisi wam ebiza,
"Thabatha umnqamlezo wakho, ulandele, uNdilandele."

Apho A . . .

Ngoku bangathi abazalwana abathile, ukwenzela imiyalelo, bangene kweli gumbi lilapha ngasekunxele kum, kunye nabazalwana abazilungiselela ubhaptizo. "Apho Akhokela . . . " Abanye babazalwana abangabalungiseleli apha, mabeze kusincedisa, ngenani kwelo gumbi kunye nabo.

. . . landela,
Apho Andikhokelela khona . . . (Ingaba ninyanisile ngenene ngaloo nto?) landela,
Ndiyakuhamba naYe, naYe yonke indlela.

204 Ngoku, umzuzwana nje. Ngoku, ukuba awukubhaptizwa ngamanzi, ngokuntywiliselwa eGameni leNkosi uYesu Kristu. Izizihloko nje kuphela, "UYise, Nyana, Moya oyiNgcwele," akuzange kubekho mntu kuyo yonke iBhayibhile, nomntu omnye owakhe wabhaptizwa eBhayibhileni, eGameni lo"Yise, Nyana, noMoya oyiNgcwele," kwezo zihloko. Akukho mntu wakhe wabhaptizwa libandla embalini, kumakhulu amathathu okuqala eminyaka kweli cala, mntu ngamnye wabhaptizwa eGameni leNkosi uYesu Kristu, kwade kwaLibhunga laseNiceaea eNiceaa, eRome, apho ibandla lobuKatolika laseRoma laqulunqwa khona, ngoko kwamiselwa izihloko zo "Yise, Nyana, Moya oyiNgcwele."

205 Ukuba kukho umntu ongowembali, umlungiseleli, nawuphi na omnye umntu, ophulaphule emoyeni, kwikhasethi, onokuvelisa iSibhalo isuntswana lembali, apho nabani na wakhe wabhaptizwa nangayiphi na enye indlela kungengalo iGama likaYesu Kristu, kwade kwalibandla lobuKatolika laseRoma eNiceaea, eRome, unyanzelekile ukuba undisizele sona, undenze ndicele uxolo. Akukho nto injalo. Hayi. Kwaye wonke umntu owakhe wabhaptizwa ngokuntywiliselwa, owayengabhaptizangwa eGameni likaYesu Kristu, wayalelwa, ngaphambi kokuba abe noyakungena eBuqaqawulini, ukuba abuyele emva aphinde abhaptizwe khwakhona. Ngoku ke kukuwe.

206 Akukho Sibhalo eBhayibhileni, apho nabaphi na abantu bakhe babhaptizwa, kusetyenziswa igama lo"Yise, Nyana, noMoya oyiNgcwele," njengokuba abantu bebhaptiza namhlanje. Yinto yobuKatolika, umgaqo wobuKatolika baseRoma eyathi kwanikelwana ngayo ngoMartin Luther, noJohn Wesley, yaqhubeka ibheka phambili. Kwaye iBhayibhile ikuxela kwangaphambili ukuba kuyakuba njalo, kwaye iyakuphelelwa ngemihla yokugqibela, luze ucango livulwe, njengokuba sisandula ukuphuma kwizigaba zebandla ukuba asiboni loo nto.

207 Kukuwe. Ndingumthunywa nje woMyalezo. Kwakhona, masikholwe. Iingcango zivuliwe. Indawo yokubhaptizela izele, kwaye akukho sizathu...Zikho iimpahla esele zilungile, kwaye siyakulungela ukubhaptiza kwimizuzu embalwa ezayo.

208 Ukuba ulapha ungekabhaptizwa, okokugqibela masicule, uze uze, awungekhe? Uzalisekise...

209 Uthi, "Bendijonge ukuyenza ngomnye umhla loo nto, Mzalwana Branham." Omnye umhla lowo usenokuhlangana nawe njengokuba ubuwenzile kuMzalwana uWay ngale ntsasa, kodwa mhlawumbi kungalandeli ubabalo, njengokuba bekwenzekile. Ungahamba nangawuphi na umzuzu. Nokuba umtshana na, ukuba uphile badlula ubusuku, uyakuthi...Kwaye ukuba unamashumi asixhenxe eminyaka ubudala, uyakuphila udlule abaninzi abaminyaka ilishumi, nabalishumi elinesihlanu-, abantu abanamashumi amathathu eminyaka ubudala. Amawaka abo ayakufa ngobu busuku. Kunjalo. Awazi ukuba uyakuhamba nini na.

210 Qiniseka. Musa ukulinga ngaloo nto. Khumbula nje, ungazama ukulinga ngomsebenzi wakho, okanye uthathe ithuba nga*le* nto. Kodwa ungakhe uthath'ithuba ngaLeya. Khumbula, izwi lam liyakuba lingqina kwisishicileli-mazwi sikazibuthe si-kaThixo ngoMhla woMgwebo, ngokuchasene noko.

211 Kodwa ngoku yicinge, njengokuba sicula kwakhona iintloko zethu zithotyiwe. "Apho A..." Mzalwan' uNeville. "...Ndiyamlandela."

Isibane Esibomvu Esidanyazayo Somqondiso Wokuza KwaKhe, Umq. 7 Inani 1
(*The Flashing Red Light Of The Sign Of His Coming*, Vol. 5 No. 4R)

Lo Myalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham owawushunyayelwe ekuqaleni ngesiNgesi ngeCawe ngorhatya umhla 23 kuJuni, mgowe-1963, kuMnquba kaBranham, eJeffersonville, e-Indiana, eMelika, wathatyathwa kwisishicileli-mazwi washicilelwa ungafinyezwanga ngesiNgesi. Le nguqulelo yesiXhosa ipapashwe ngowe-1998 ngabe:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org